


UMQONDISO WENENE

ONGAQATSHELWANGA

 . . . sihlangane ngale ntsasa eGameni leNkosi uYesu. Kwaye emva kokuthandaza no. . . Ngale ntsasa andivukanga kwangethuba. Ndibe bushiywa lixesha ekuvukeni. Ndaye ndiyaqonda ukuba wonke umntu uyazi ukuba kutheni na ukuba kube njalo ngoku nje.

² Ndithe ndifika ekhaya ngenye intsasa—okanye ngobunye ubusuku, wabe ummelwane wam emi eyadini, inguye nentombi yakhe encinane. Inkosikazi yakhe ingumongikazi kwigumbi lokubelekisela phaya esibhedlele. Ngoko ephephe i— ingcongolo esandleni *engaka* ubude inesicengcelelwazana kuyo, intanjana ethile, nento encinane, isithi, “Tat’omkhulu uBranham, malunga ngo (Ndiyakholwa malunga) 3:43 okanye 4:43, ngo-Oktobha umhla we-11!” Kwaze kwakho isivakalisi esikhulu saphakathi sisemazantsi sisithi, “Umdala kunokuba ucinga!” Ngoko ndinamalungelo asemthethweni ngoku wokuba ndiphumle ithuba elidana ngentsasa. Akunjalo, Mzalwana Wright, wakuba—wakuba ngutat’omkhulu?

³ Ngoku ndiyacinga ukuba niyakuba bundixolela ngoko, Dade Kidd, ngale ntsasa kuba ndingakhange ndivuke ngeli thuba benidlula nivela e-Ohio. Ndiqiniseke mpela ukuba ndiziva ndimdala ngeminyaka elishumi ngaphezulu ndiyacinga, owu, kungaphezulu apho. Kodwa ke njengokuba nisazi nonke ukuba ndinomzukulwana omncinane ophaya phandle omalunga neeponti ezisixhenxe okanye ezisibhozo unbuzima, into elolo hlobo, oyena mntwana mbi ndakhe ndambona. Kwathiwa ufana kanye notat’omkhulu wakhe, ngoko. . . Kwaye. . . Bendiqonda nje ukuba ebebhekiselele enini na, apho uBilly ebesingise khona. Ngoko. . .

⁴ Phezolo ndisiza ndisihla ngehlobo emva kokubizela ngaphambili kwam abaguqukayo, ndihlangene neqela labahlolo bam abathembekileyo abavela eGeorgia nakwiindawo eziyingqongileyo, kwaye sisonke besiphaya phandle sikhangele abo bafo bancinane. Kwaye bayathandeka, ngokukho nje. . . Bendisoloko ndiziva ndifana noBilly; uba noloyiko kube ngathi uyakubaphula uyazi, bancinane kakhulu. Kwaye ndiyakholwa ukuba ibinguDade Beeler othe, “Bendisoloko ndicinga njalo. . .” Wayehleli ecinga loo nto naye—kodwa—emva koko wafumanisa ukuba abaphuki lula olo hlobo. Ngoko ndiyacinga ukuba ifuna ukuba yinyani leyo.

⁵ Izolo emva kwemini ndibe necham lokuba phaya

ezantsi kwikhaya lomnye woodade bethu apha enkonzweni, ikhaya lentombi yakhe (yaye ndiyacinga ukuba nayo ilapha enkonzweni), apho bebenesidlo sasemini sosuku lokuzalwa esincinane sikaMzalwana uNeville. Kwaye uye waba nelinye inyathelo elikhulu alidlulileyo izolo. Ngoko ke siyakuthi kuMzalwana uNeville, ubene “Mini yolonwabo yomhla wokuzalwa,” sisonke, ngokuba ungumzalwana olunge kakhulu. Kwaye kakade, usandula ukudlula amashumi amabini elinesihlanu kancinane, ke ngoko—unjengam nje, kwaye ngoku... Sisandula ukudlula apho okwesibini. Oko... Ngoku oko kukuba lixhego xa udlula kuloo mgama okwesibini, uyazi.

⁶ Ndikhumbula ngentsasa awathi uFraniye Weeper wenyuka weza apha. Kwabe kuhlala apha ebumelwaneni bethu—intombi yakhe ihlala apho ngoku; yena useFlorida. Kwaye uFrankye kunye nam sasihamba isikolo kunye, yaye uFrankye wabeka umnikelo esenzela usuku lwakhe lokuzalwa. Kwaye ndandineminyaka emalunga nesithathu okanye emine ndishumayela ngoko. Ndamkhokelela kwiNkosi uYesu uFrankye. Waze wafaka ikota. Ndiyacinga ukuba ndandinamashumi amabini anesibini ngoko. Kwaye wafaka ikota; ndacinga “Owu, bethu, utheth’ukuba lo Frankie Weeper unamashumi amabini anesihlanu ubudala? Whowhu, bethu, ndiyaloyika elo xesha ndakube ndidibanisa amashumi amabini anesihlanu!” Ngoku, ndisondelela ekudibaniseni elo xesha liphindwe kathathu—ke ngoko—kwakutshanje, ngoko ali—alithathi thuba lide kakhulu ukudibana.

⁷ Ndakujonga ngapha ndibone uMzalwana noDade Kidd bekumashumi asibhozo abo babe besomelele, ndiyacinga, “Nkosi Yesu, ndixolele ngokukhalaza ndinamashumi amahlanu anesibini, babe bona...” Unamashumi asibhozo aze uMzalwana Kidd abe namashumi asibhozo ananye, ingaba kunjalo? Amashumi asibhozo ananye! Kwaye basesekushumayeleni! Ndiyakuxelela, loo nto iyakukhuthaza, akunjalo? Ngokuqinisekileyo iyakhuthaza. INkosi ilungile ngenene kuthi.

⁸ Ngoku, inye kuphela into engalunganga endiyoyikayo ngokuqhuba inkonzo apha kusasa, kwaye loo nto imbi, ivakala njengento e—eyinto elihlazo kakhulu ukuyithetha, kodwa ndinabahlobo abaninzi abavela kude kakhulu uku—ukuza kwezi nkonzo. Andibaboni abakwa-Evans apha, kodwa balapha ndaweni ithile, ndiyaqonda. Abaphoswa nayenye. Kwaye niyazi ukuba zingaphi iimayile abaziqhubayo qho ngeCawe ukuza kuva intshumayelo? Lishumi elinesithathu lamakhulu eemayile. Abanakuphumelela kolo hambo ngaphandle kokuba bachithe amashumi amathandathu okanye amashumi asixhenxe eedollar ngeveki ukuza enkonzweni. Injalo loo nto. Ngexesha benyuka besiza apha kunye nosapho lwabo, bawelele ngapha, bahlawule...

⁹ Ngoku, asikokuphela kwabo, kodwa kukho umzalwana omncinane osuka e-Alabama, uqhuba malunga nomgama olingana nalowo njalo ngeveki, uMzalwana...Owu, bethu ngubani? UMzalwana uWest. Ndi...ukhangeleka njengomfanyana nje kum. U—Ungutata, uneqela labantwana. Kodwa uhlala nje endikhumbuza, uba—ukhangeleka esemtsha kakhulu, inguye nenkosikazi yakhe—uMzalwana uWest.

¹⁰ UMzalwana noDade noMzalwana uPalmer, abahleli phaya emva besuka ezantsi kweMacon, eGeorgia. Kunye—Kunye noDade Ungren, esiqhelweni bavela ezantsi eMemphis, eTennessee. Ingaba bakhona kusasanje? Ndi—Ndi— Ndi... Badla ngokuba khona—uDade Ungrin kunye—kunye neqela elivela ezantsi eMemphis, eTennessee? Yima...Ewe, phaya emva emva kanye. Kuze kubekho nabanye, nje ndi— baninzi nje kakhulu ukuba ndingababiza. Abanye babo ezantsi kakhulu emazantsi eKentucky, abanye phezulu kakhulu ngaseChicago, ukuze abanye babo bavele eChicago, nangentla kweChicago, nakwiindawo ezijikelezileyo apho... .

¹¹ NgeCawe ndiyaqonda ukuba bekukho indoda apha esuka lee eCalifornia. Kuye kwanyanzeleka ukuba ihlale kancinane, ibifuna ukubonana nam. Kwaye kakade, ndiye ndaxineka emva kwenkonzo. Yaze loo ndoda yagoduka ingandibonanga. Enye ifike ivela ngaphaya e-Illinois kwindawo ethile. Ukuba loo ndoda ilapha ngale ntsasa, ngawona amnandi, ama-apile anencasa ndakhe ndawadla. Yaze yandiphathela isitya sama-apile. Ukuze omnye wabazalwana abavela eGeorgia—Ndiyakholwa ukuba bekulapho kwindawo ethile— undiphathele ingxowa enkulu yamandongomane amakhulu, elingana nala mabheka makhulu okuphatha. Kwaye owu, ndiyawadla kanene.

¹² Khona ngoku, ndi...Kakade, andidli kudla kumnandi kwezi ntsuku, andizange ukusukela ekundulukeni kukamama. Ndifuna ubuso beNkosi ngenxa yo—yombono omtsha, ndidla kuphela izinto ezilula ezinjengokuba ndi...kancinane kangangoko ndinokuzithwala. Ndihlile emzimbeni ngamashumi amabini eeponti obunzima, oko kukuthi... . Ngoku, andizilanga. Andenzanga njalo...Hayi, oko... Ukwenza nje loo nto, asikokunikela ngaloo nto eNkosini. Umelwe kukuyinika iNkosi okona kungcono unako, hayi nje... .

¹³ Kwenzekile ndabona uMzalwana Sumner nabanye phaya emva kanjalo. Baninzi kakhulu ndi...Njengokuba kwiCawe ephelileyo bendichaphazela abantu abathile a—ababehlalise uMama nezinto ezinjalo. Kwaye udade onyaniseke ngenene wayelapha; ndiyalilibala igama laloo mfazi. Ndi... Ukuba ukho ngale ntsasa, ndicela uxolo. Kodwa omnye wabo yayinguDade uBeeler nomnye owayenguDade noMzalwana Stephey.

¹⁴ Kwakunye nabaninzi, ndi...Nindazi kakhulu ninonke ngokokude nazi ukuba andizimisele xa ndithe ndanegama

endiliphosayo okanye ndibe nomntu endimqakathileyo. Indlela ebebenyaniseke ngayo bebonke. Kwaye ngamanye amaxesha xa ndimi apha ndiye ndithethe ngomntu othile othe qatha engqondweni, kodwa ndi...Ngaloo nto ndithetha elo qela lilonke, wonke umntu. Uyabona, kumnandi nje kakhulu. Ukuze ngoko wonke umntu...uyathandeka ungonobubele kuthi. Kwaye ngenene sinombulelo ngaloo nto.

¹⁵ Ke ngoku, ngale ntsasa sizakuzama ukusondela kwiLizwi likaThixo kwakhona. Ngoku, ndingathanda ukwenza le ngxelo icace ngenene, yokuba a—andizi nje nakwiyiphi na inkonzo ukwenzela nje ukuba ndibonwe. Andizi nje ukuze ndithi, “Ke, ndifuna uku—ukuthi mhlawumbi ndithandaze iNkosi indiphe u—umyalezo oyakwenza nje abantu bonwabe ngenene bakhwaze.” Siyifumene kakhulu into enjalo, kodwa (kwaye siyayivuyela loo nto ilungile, ’yabona, iyamangalisa. ’Yabona?)—kodwa uyazi ukuba, “Nkosi, Zikhokelele iingcinga zam kwinto eyakuba luncedo ebantwini, eyakubabeka kwindawo esondele ngakumbi kuThixo, ukuze—ukuze—ukuze ibenzele into kangako—kangako—ingabi kokubakha ngokwasemoyeni kangako, koko ibakhe elwazini nasekuhloneleni uThixo, ukuze bazi ukuba mabeme njani na lwakufika utshaba.

¹⁶ Bendithetha nodade obelapha phezulu esityelele kule veki, uDade uPalmer. Uthe...Wayefuna ukuba kwakutheni na ukuze ndihlale kweli lizwe, kuku...Ungangena nje apha uphume... Lonke ixesha ndifika kule ngxingwa ndiyagula nje ukuba ndingene. Aku—Akukho mpilweni nje ngenene ukuba sengxingweni; siyayazi loo nto. Kodwa baninzi abantwana bakaThixo abalapha ezantsi, kwaye ngoko ngolunye lwezi ntsuku...

¹⁷ Ndifuna iNkosi ngoku ukuze ndifumanise umyalezo wenene othe ngqo osuka kuThixo. ’Yabona? Kwaye ndi...Ngoncedo lukaThixo ndikhangele nje ekubeni ndibambebele ade Abuye, ndithetha ukuthi andinike ingxelo ethile, kuba ndiva ngathi kumelwe ukuba...Kukho into ezakwenzeka apha kufutshane. Ndifuna ukwazi ukuba yintoni na, kwaye ndifuna ukwazi ngokuvela kuThixo ngqo, ukuze ndibe nokuthi ITSHO INKOSI! ’Yabona? Ukuze—Ukuze ube— wena—abantu ngoko bazi ukuba asi—asindim.

¹⁸ Ngoko ndifuna ukuzama ndiyenze ngokokuze—okanye ndive kuYe kuqala; kuba ukuba Ubeke amazwi aKhe e— emntwini, kulungile, ngoko ayisenguloo mntu, nguYe. Ngoko ukuba umntu uyithetha loo nto ngokwakhe, ngoko ayisayi kuphelela ntweni konke. Kodwa ukuba u—iLizwi leNkosi liseemntwini, liyakwenzeka, lize li—libe lelichanekileyo kanye. Nantso into esayalelwa yona eBhayibhileni ngaphaya malunga nesahluko sama-20 seDuteronomi. Ndiyakholwa ithe, “Khangelani, ukuba ubani uthetha eGameni leNkosi, kuze oko kungenzeki, ngoko musani ukumnaka loo mntu. (’Yabona?) Kodwa ukuba

uyithethile, yaze yenzeka, ngoko kungcono nimve ('yabona?'), ngokuba ivela kuThixo.”

¹⁹ Nantso indlela enze ngayo uThixo. Unenkqubo yaKhe eqhelekileyo ebekiweyo apha eBhayibhileni—siyazi ukuba ifundwa njani na loo nto—kodwa kukho izinto ezithile eziya— eziya kwibandla nakwixesha nezinto ezizezinye Athe wazibhala eBhayibhileni, ukuze Abeke izwi laKhe ngaphakathi emntwini, aze alithethe ('yabona?')—alithethe. Ke ngoko, indlela yokumqonda loo mntu kukufumanisa ukuba yenzeka ngaloo ndlela ayithethe ngayo na. Ngoko ukuba yenzekile, ize ihlale isenzeka ngaloo ndlela, ke ngoko, siyazi ukuba oko kuvela eNkosini. Ukuze si—ukuze sibe nethemba lokulungiselela izinto ezizayo.

²⁰ Ndifuna ukufunda indawo ezimbini okanye ezintathu eSibhalweni ngale ntsasa, kwaye ndifuna ukufunda kuqala kwiNcwadi ye-Eksodus kwaye ndiyakholwa malunga nesahluko se-4 se—Eksodus okokuqala.

²¹ Ke ngoku, ndisenokukhe ndivakalise ngeli thuba nilungiselela ukufunda ezi Zibhalo, ndingakhe ndivakalise oko ndifuna ukukuthetha kuni, oko iNkosi ikubeke entliziyweni yam ukuze ndithethe ngako ngale ntsasa. Andazi ukuba yintoni na Eyakuyenza ngako ebantwini. Mhlawumbi ijoliswe kumntu omnye apha, mhlawumbi umntu othile kwabaphulaphule ikhasethi, kwendawo eyenye, kodwa ndifuna ukuvakalisa oku ngale ntsasa . . .

²² Ndiyacinga ukuba ngentsasa yeCawe ephelileyo ndishumayeke nge*Ngqina LeNyaniso*, ukuze ngale ntsasa yeCawe, iNkosi ithandle, ndifuna ukushumayela ngo*Mqondiso Wenene Ongaqatshelwanga*.

²³ Ndi . . .UMZalwana Palmer ebendixelela phezolo, ukuba kwintsasa yeCawe ephelileyo ndandithetha ngomxholo okanye bendilungiselela ukuthetha kule Cawe nge*Mpambana-ndlela Ezine ZeBandla*. Ndaze ndathi ndakungena phezolo . . .Ndidla ngokuyibhala into . . .Andazi nokuba kufanelekile na ukuyenza loo nto okanye hayi, kodwa ndinezinto ezininzi kakhulu . . . endizama ukucinga ngazo, ndakufumana into ethile ndimelwe kukuyibhala kwisiqwenga sephepha. 'Yabona? Ndaze ndaya kuyikhangela, kwaye eyona nto bendiyithetha malunga noko ibingezo mpambana-ndlela zine eneneni. Ndiyithethe ngolo hlobo, ngenene. Kodwa into ebendithetha yona ibizizimo ezine zokulawulwa kwebandla. Ukuze ndenze loo nto, ndimelwe kukufumana okuninzi kwezembali ndikuhlanganise kwaye mhlawumbi kwixesha elizayo ndiyakuba nako. Kodwa kuthabatha ixesha elithe chatha kunokuba bendinalo ixesha lokufunda ukuze ndifumane loo nto, ngokuba kufuneka ubuyeke emva ufumane imihla nokunjalo. Ngokuba konke nonke niaqonda ukuba i . . .Kuyo yonke indawo, kuba,

sifuna ukuqiniseka ngenene ngezi zinto phambi kokuba sizithethe. Zimelwe ukuba zibe yinyani, ngokuba simi apha sibambe esona sikhundla sisesiphezulu sakhe sabanjwa ehlabathini, umlungiseleli, umluhgiseleli, nokona kunenyaniso kuyinene— kuchanekileyo. Simelwe kukuba lolo hlobo. Simelwe kukuxhomekeka kuThixo ukuze sibe nokwenza oko.

Ngoku, kwiNewadi ye-Eksodus, isahluko se-4:

Waphendula uMoses wathi, . . . uyabona, abayi kukholwa ndim, abayi kuliphulaphula izwi lam: kuba baya kuthi, UYEHOVA akabonalanga kuwe.

Wathi UYEHOVA kuye, Yintoni na loo nto isesandleni sakho? Wathi, Yintonga.

Wathi, Yiphose emhlabeni. Wayiphosa emhlabeni, yasuka yaba yinyoka; wayibaleka uMoses.

Wathi UYEHOVA kuMoses, Solule isandla sakho, uyibambe ngomsila. Wasolula isandla sakhe, wayibamba, yasuka yaba yintonga esandleni sakhe:

Ukuze bakholwe ukuba UYEHOVA uThixo wooyise, uThixo ka-Abraham, uThixo ka-Isake, uThixo ka Yakobi, ubonakele kuwe.

Waphinda UYEHOVA wathi kuye, Khawusifake isandla sakho esifubeni sakho. Wasifaka isandla sakhe esifubeni sakhe: akusirhola isandla sakhe, naso, sineqhenqa simhlophe njengekhephu.

Wathi, Sibuyisele isandla sakho esifubeni sakho. Wasibuyisela isandla sakhe esifubeni; wasirhola esifubeni sakhe, naso, sibuya saba njengenyama yakhe.

Kothi, ukuba abathanga bakholwe nguwe, abaliphulaphula izwi lowokuqala umqondiso, bakholwe lilizwi lomqondiso wamva. (Uyiqaphele le miqondiso mibini, kwaye u—mqondiso ngamnye wawunezwi.)

(Mandifunde umqolo we-8 kwakhona.) Kothi, ukuba abathanga bakholwe nguwe, abaliphulaphula izwi lowokuqala umqondiso, bakholwe lilizwi lomqondiso wamva.

Kothi, ukuba abathanga bakholwe nayile miqondiso mibini, abaliphulaphula nezwi lakho, uthabathe amanzi omlambo, uwaphalazele. . . emhlabeni owomileyo: osuka amanzi owathabathileyo emlanjeni abe ligazi emhlabeni owomileyo.

²⁴ Kwakhona ngoku, kuYohane oNgcwele isahluko so-1 nomqolo we-6 sifunda ezi vesi, okanye le vesi. UYohane oNgcwele isahluko sokuqala nevesi ye-6:

Kwakho mntu uthunyiweyo evela kuThixo, ugama linguYohane. . . mntu uthunyiwe uvela kuThixo, ugama linguYohane.

²⁵ Kwakhona kuHezekile 24:24, ndinqwenela ukufunda nesi Sibhalo, siyibophe ukusuka kwiTestamente eNdala, ukuya kubaprofeti, ukuya kwiTestamente eNtsha, ukuze uqonde ukuba kusuka emva ukusuka kwi-Eksodus, ekuqalekeni ukuya esiphelweni.

UHezekile woba sisimanga kuni: niyakwenza njengako konke akwenzileyo: ekuzeni kwako oko, niyakwazi ukuba ndiyiNkosi UYEHOVA.

Ngoku, masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje njengokuba sisondelela kuYe ngentlonipho ngoku ngendlela yomthandazo.

²⁶ Bawo Thixo, siza eGameni likaThixo ka-Abraham, u-Isake, noYakobi, uYesu Kristu iLungisa. Siza sisazi ukuba uyakusiva Yena, ngokuba asizi njengomntu othile osandula kungena esakhiweni, koko siza ngobuganga ngokholo, sikholwa ukuba oko Akuthembisileyo, kona oko Uyakukwenza. Ngoko siyacela namhlanje, Nkosi, ukuba Uthabathe ngamnye kuthi thina bakhoyo, konke ukusuka epulpitini ukuya emva esakhiweni, kuzo zonke iindawo, uze uvule yonke intliziyo waluse ukuva kwethu, ukuze iLizwi likaThixo Ophilileyo libe nokuza livela eZulwini ngale ntsasa ligaleleke ngaphakathi kwentliziyo zethu, ukuze sikholwe njengokuba sisiva iLizwi leNkosi njengokuba sesifundelwe ezindlebeni zethu ngale ntsasa. Kwaye siyaKubulela ngeLizwi laKho. ILizwi laKho liyiNyaniso.

²⁷ Ke ngoku, njengokuba sibona amaxa amabi esondele, yonke ingqumbo kaThixo ifumbe phezulu ukuya kungena esibhakabhakeni. Kangangokuba naxesha nini na kungakho into ethile enokwenzeka kwesi sizwe siKushiyileyo, ukuba kungakho ukudubula okukhulu kube kunye okuya kusithabatha isizwe ngokupheleleyo sisisuse kwisalatha-ndawo sehlabathi—ngezoyikiso ezisekelezwe lilizwe elingenabuthixo elingxamele ukwenza ngolo hlobo. Beyazi loo nto endaweni yokusondele kuThixo, bakhangeleka besiya bemnka ngokumnka. Besazi ukuba iNcwadi yeSityhilelo nako konke ukuhla eZibhalweni iwuxele kwangaphambili lo mhla, ngoko masifumane isiyalo, Nkosi, size singabi ngamavila silale sisozela njengokuba kwakunjalo. Sanga singavuka sizishukumise.

²⁸ Sanga singaqonda namhlanje ngendlela esingazange senze ngayo ngaphambili. Zanga iintliziyo zethu zingavutha kangako emva kwale mini, ngokokuze kubekho umlilo olunyekiweyo emiphefumleni yethu oyakutshayela lonke eli lizwe, Nkosi, kube bubungqina obuphilileyo kwindawo yonke esikuyo.

²⁹ Sikelela abagulayo nabaxhwalekileyo, abo basweleyo, kokubini phakathi kwethu nabo bangekho phakathi kwethu, abantu baKho ndawo zonke.

³⁰ Sikelela iLizwi laKho, Nkosi. Ngewalisa isicaka saKho nezicaka zaKho eziphulaphuleyo, ukuze sihlangene sibe nokusondezwa ngakumbi ekuqondeni ukuvela kwaKhe ngaphezu koko sakhe senza njalo ebomini. Andithandazeli aba kuphela bakhoyo, koko nabo bayakuva ikhasethi ehlabathini jikelele ukuze babe nokungeniswa kwiBandla likaThixo Ophilileyo. Kuba siyaqonda ukuba inye indlela esinokuba ngamalungu ngayo weli Bandla; leyo kungokuzalwa ngoMoya; size sibhaptizelwe ngaMoya mnye Mzimbeni mnye. Ndiyathandaza, Thixo, ndithandazela ngamnye kubo ehlabathini jikelele, ukuze Wena uZifumanele uzuko. Kwaye sanga singayilungisa kangako imphefumlo yethu, ukuze ngokukhala okunye kwihlabathi jikelele, sibe nokukhwaza, “Ewe, yiza, Nkosi Yesu!” Oku sikuthandaza eGameni likaYesu Kristu. Amen.

³¹ *Umqondiso Wenene Ongaqatshelwanga.* Abantu bahlala befuna imiqondiso konke ukusuka kooFaro kude kube namhlanje. Kwaye uYesu wasixelela nge—ngexesha apho kuyakuthi kubekho khona abafuni bemiqondiso, waze wathi isizukulwana esikhohlakeleyo esikrexezayo siyakuzingelana nemiqondiso. Kodwa nangoko, bayakuwamnkela umqondiso; kwaye eso sizukulwana sasiya kwamnkela umqondiso wovuko—esasiyakuba sesibhetye-bhetye, esikhohlakeleyo, kwaye isizukulwana esikrexezayo esiyakunikwa umqondiso wovuko.

³² Kodwa njengokuba esi Sibhalo silele phambi kwethu kuHezekile isahluko sama-24 nomqolo wama-24, lo mprofeti wenziwa umqondiso. Kwaye nguloo mqondiso endinqwenela ukuthetha ngawo.

³³ Le ndoda yenziwa umqondiso kuSirayeli. Kwaye konke ukuhla eZibhalweni, uThixo wasebenzisa abaprofeti baKhe njengemiqondiso. Kwaye bahlala bengaqatshelwa. Abazange babonakale bewuqonda loo mqondiso. Bahlala njalo bekhangelana umqondiso wemihlali.

Nkqu nabaFarisi bemihla kaYesu bathi, “Sibonise umqondiso ophuma eZulwini.”

³⁴ Kodwa uYesu wabhekiselela kubo ngokuthi bayakuwufumana umqondiso. “Seninawo umqondiso.” Wathi, “Ninako ukucalula isibhaka-bhaka; ninako ukukhangela kuloo mqondiso. Nithi, ‘Ukuba sibomvu sigwangqa, ngomso kuyakubakho imozulu embi.’”

³⁵ Ukuba babekhangele kuloo mqondiso, ngebabekhangele kuYe baze bazi ukuba Yena wayenguMqondiso kaThixo kubo; ngokuba iziprofetho zabo ngokubhekiselele kuYe

zazizalisekiswa phambi kwamehlo abo. Kodwa nangoko babesafuna umqondiso.

³⁶ Imangalisa kanjani into yokuba abantu benze loo nto, abayakuthi bafune umqondiso ngeli thuba umqondiso ukunye nabo, kanye phakathi kwabo. Ngoku, uSirayeli wayengene kuloo meko.

³⁷ Kwaye ngamaxesha amaninzi ukungcungcutheka othi loo mqondiso umelwe kukungena kuko kuyamangalisa. Ukungcungcutheka awathi uYesu wangena kuko ukuqondakalisa uMqondiso kaThixo, ukuba Yena wayenguMesiya...

³⁸ Sifumanisa ukuba apha lo mprofeti uselula ugama linguHezekile wathi gqolo esiba ngumqondiso lonke ixesha. Indlela awazingcungcuthekisa ngayo. Kwenye indawo sifumanisa ukuba wangqengqa ngecala lakhe lasekhohlo isithuba samakhulu amathathu anamashumi alithoba eentsuku. UThixo wamxelela ukuba azifumanele iimbotyi nomgubo, akuhlanganise, akupheke, aze angqengqe ngecala lakhe, ahambe aye kungqengqa phezu kwenqwawqwa, aze angqengqe ngecala lasekunxele kuphela—angaguquki— isithuba samakhulu amathathu anethoba eentsuku. Yicinge! Waze waphinda wathi, “Guquka ngecala lasekunene ungqengqe apho amashumi amane eentsuku kwakhona.”

³⁹ Waze wathi apha, “Wathi uyabona...” uHezekile wathi...Ehe “Ngokuba uthwele ubugwenxa babantu. Suku Ndiyakulubala njengonyaka kubo.” Ngenxa yokuba suku ngalunye wangqengqa apho, loo nto yathetha unyaka abaya kuwuhlala ekuthinjweni, nokuba ubugwenxa babo babuyakukhunjulwa nguThixo aze uThixo angayiva imithandazo yabo kwakhona.

⁴⁰ Kodwa ukungcungcutheka eyathi loo ndoda yamelwa kukungena kuko. Kwakutheni ukuze kube yimfuneko oko? Abaninzi baye bamangaliswa ukuba kwenzeka njani ukuba into enjalo ibe yimfuneko ukuba yenziwe ngumntu. Kungokuba abantu abafuni kufunda iLizwi, kwaye abafuni kuthandaza. Ngoku uThixo ungolawulayo, kwaye Uthumela abaprofeti baKhe ukuba babe ngumqondiso. Abantu abafuni kufunda; abakhathalele kufunda. Kwaye abafuni kuthandaza, ngokuba kakhulu—banezinto ezizezinye zokwenza. Abathabathi xesha lakuthandaza. Kwaye iBhayibhile iyindinisa kubo, ayinamdla ukhawulezayo ufanele le mihla yangoku okanye nayiphi na imihla.

⁴¹ Uyazi, ndiyakholwa ukuba yayinguPawulos owathi, “Nizincwadi ezibhalwe nguThixo, ezifundwa ngabantu bonke.” UThixo usebenzisa abantu ngokwemiqondiso, ukubonakalalisa imiqondiso yaKhe. Kwaye ngamaxesha amaninzi loo mqondiso, kwaye ngalo lonke ixesha esiqhelweni—

ngaphandle kokuba kukubantu abanyuliweyo— loo mqondiso awuqatshelwa uyagxekwa, kuhlekiswe ngawo, ugxothe, ubalelwe ekuthini. . .

⁴² Nkqu nakwimihla yabaprofeti beTestamente eNdala, babebalelwa ekubeni ngabantu abangqondo, iphazamisekileyo. Babecinga ukuba abo baprofeti yayingabaphambene ingqondo, ukuba yayingaba—kwakukho undonakele engqondweni yabo. Kwaye babebabona bengena bephuma entlango be—benze imiqondiso, baze babuyele emva baye kungena entlango kwakhona. Baze bahlekise ngabo, ngokuba babengasazi iSibhalo.

⁴³ UYesu waxelela abaFarisi ngaxesha lithile ngokubhekiselele kuvuko, babesithi, “Sino. . . Umthetho uthi ukuba umzalwana uyafa ashiye inkosikazi inge— ingenabantwana kuye, umntakwabo umelwe kukuyithatha loo nkosikazi avelisele abantwana owakhe—obhubhileyo.” Baze bathi, “Sasinomnye owayenabantakwabo abasixhenxe. Owokuqala wathabatha inkosikazi, waze wabhubha engashiyanga mbewu. Waze umntakwabo wamthabatha, waze wabhubha, kwaqhubeka njalo kwade kwangowesixhenxe; waze ekugqibeleni loo mfazi wafa.” Bathi, “Ngoku, eluvukweni,” bathi ngoku, “uyakuba yinkosikazi yowuphi kweso sixhenxe?”

⁴⁴ Owu, ndiyalithanda elo Lizwi. UYesu wathi, “Niyalahleka, ngokuba ningazazi iZibhalo, kwanamandla kaThixo!” Owu, indlela ebeyakuthi ayibhengeze ngayo namhlanje loo nto ukuba Ebemi apha. “Niyalahleka, ngokuba ningazazi iZibhalo, kwanamandla kaThixo!” Amandla kaThixo anxibelelene neSibhalo. “Niyalahleka kakhulu.” Ngoko Waqhubela phambili wathi, “Eluvukweni abatshati bengendiswa nokwendiswa, koko banjengee Ngelosi.” Akathanga bayakuba ziNgelosi, koko bayakuba njengee Ngelosi—amalungu okwazana kwendoda nomfazi akayi kubakho kubo. Abatshati bengendiswa.

⁴⁵ Sikumhla wokubhubha—okanye woko kubhubhayo, imihla yobukumkani obubhubhayo. Kodwa kuza umhla apho kuyakubakho uBukumkani bokungabhubhi obuzayo. Kwaye obo Bukumkani bokungabhubhi kulapho abahlanguliweyo bayakuphila khona, abo bahlanguliweyo baze. . . Ubomi obushiya lo mzimba buze bubuyele kuThixo owabunikayo, buya kubuyela eMthini woBomi ngamhla uthile ukuya kulawula ngonaphakade.

⁴⁶ Indlela awathi ngayo lo mfana, umprofeti oselula, wazinikela wanikela ubomi bakhe buphela ukuba abe ngumqondiso kubantu bakowabo ngesohlwayo ababeya kusamnkela, ngokuba babe—yinto esinokuyibiza ngokuthi—kukungathali. Kwakungekho nto bayifunayo ngoThixo, kwaye babengakholelwa kwabo baprofeti; kwaye babehlekisa nje ngabo. Kwaye. . . Kodwa ngaphambi koku, akunamsebenzi

nokuba babengafuni kuwukholelwa kangakanani na, uThixo wenza ukuba babenawo nangoko.

⁴⁷ U-Izebhele wayengafuni kuvuma ukuba u-Ahabhi wayengumlungiseleli wakhe, kodwa ke wayenguye. UThixo wenza ukuba awufumane umqondiso nakanjani na. Sinjalo esi sizwe namhlanje. UThixo olilungisa onyanisekileyo ngeLizwi laKhe akanakuvumela ukuba nantoni na esiyibona izakwenzeka yenzeke, ngaphandle kokuba kubekho umqondiso ndaweni ithile. Wahhlala enawo. Ngoku, simelwe kukuwukhangela. Kwaye ndiqinisekile ukuba abantu abanokuqonda kweSibhalo bayayazi ukuba bamelwe kukukhangela njani na.

⁴⁸ UNowa wayengumqondiso kubantu ngomhla wakhe ngomgwebo ozayo. UNowa ngomhla wakhe wayebalelwa ekuthini ungoyibaxayo. Wayengumprofeti. Wayebalelwa ekuthini akamanga kakuhle engqondweni. Loo ndoda yabethelela unyaka nonyaka, isakha umkhombe kwindawo eyayingenawo namanzi phezu komhlaba ingengawo awayesemithonjeni. Waze waxela kwangaphambili ngento ethile eyayiyeyempambano kwingqondo yenyama. Wathi, “Kukho amanzi ezayo epuma esibhakabhakeni.”

Akuthandabuzeki ukuba abaninzi babenokuthi kuye, “Sibonise ukuba aphi na.”

⁴⁹ Inzululwazi yayiyakuthi, “Ndingakuqondakalalisela ukuba akukho manzi phaya phezulu.” Kodwa nangoko, ukuba uThixo wayemxelele ukuba yayisiza iphuma esibhakabhakeni, uThixo uyakwenza ukuba iLizwi laKhe lizaliseke.

⁵⁰ Kwaye kungekabikho manzi abonakalayo, kungazange kubekho lifu esibhakabhakeni, kungazange kwana nethontsi—kwakungekho nto injengemvula—ukanti lonke ixesha uNowa wayelungisa umkhombe elungiselela imvula. Yayibubungqina obuphilayo bokuba loo mprofeti wakholwa kwinto awayethetha ngayo, kuba wayeyilungiselela.

⁵¹ Kwaye nawuphi na umntu okholwayo ngenene kwinto athetha ngayo, uyakuyilungiselela.

⁵² Ndingakhe ndime apha okomzuzu nje kuloo mhla kaNowa. Kwaye uYesu wathi, “Kuyakuba njalo ekuzeni kuNyana womntu.” Ukuba iinkonzo namhlanje ziyakholwa kuloo nto zithetha ngayo, bebemelwe kukuyenza le nto bayithethayo.

⁵³ Singathini ukube sisakha izakhiwo ezikhulu zemifanekiso eqingqiweyo, nezakhiwo zezigidi zedollar, nokusasazwa okukhulu kwemibutho, nezinto ezilolo hlobo, size sishumayele ukuba uKristu angabuya naxesha nini na? Singathini ukuqhubela phambili...khangela kumabandla ethu ubabone bezahlula kumandla kaThixo, bengena kubuhlabathi, baze babungenise ebandleni, baze bayiqhube, size siyivumele loo nto? Ngenxa yodumo, ngenxa yoluvo oludumileyo, nokwahlukana kobuhlelo, sizama ukukhula sidlule omnye lo umbutho.

Singakwenza njani oko sikushumayelayo? Kwaye ihlabathi liyayibona lonto; bayayazi.

⁵⁴ Ngoko inkolo isuke yayinto nje—njengokuthi nje ube ngowenkqubo ethile okanye ube ngowebutho lento ethile. Unqulo . . . Usindiso lukaKristu alungombutho; alukokujoyina nto ithile; lungamava aphilileyo.

⁵⁵ Ngoku, uNowa wayevelisa oko wayethetha ngako. Wathi, “Kuza isikhukula somgwebo kwesi sizukulwana singalungileyo. Kwaye uThixo uyakuthulula imvula iphuma emazulwini, aze Akhukulise lonke ihlabathi.” Yayingeyiyo loo nto kuphela Awayeyenza, koko Wayesenza nendlela yokusinda exelela abantu ukuba beze kuyo. Kodwa babengafuni kumphulaphula.

⁵⁶ Kodwa uNowa njengomprofethi wayengumqondiso kwesi sizukulwana, umqondiso ekwakuthethwa kakubi ngawo, indoda ekwakucingelwa ukuba i—iyindoda ephambeneyo, ilungisa into eyayi . . . Kwakungekho bungqina naphi na, okanye bungazange bubekho, obokuba kuyakuze kubekho ukusetyenziswa okuthile kwawo. Kodwa yiloo ndlela abantu ababonakala becinga ngayo namhlanje. Banako ukucinga ngenqaba yokuzimela. Iyakuba luncedo luni inqaba yokuzimela kuwe xa kuyakube kungekho kwa—kungayi kubakho nomthi okanye iliwa elishiyekileyo phezu komhlaba? Sinayo inqaba yokuzimela, aMakristu anayo.

⁵⁷ Njengokuba bendithe kwiCawe ezimbalwa ezidlulileyo, okanye ndacinga ndaweni ithile apha endleleni, “Asiyonqaba yakuzimela, yinqaba ‘yokungena’, apho sithi siwele ngaphakathi kuyo, ngokuzinikezela kakhulu ngayo yonke intliziyo yethu, nangawo wonke umphefumlo wethu nangengqondo yethu iphela, ngaphakathi kuKristu, uMkhombe kaThixo wokukhuseleka.”

⁵⁸ Kodwa uNowa, igeza—owayecingelwa ukuba ulilo ngaloo mhla—ngobudenge bokushumayela nokwenza umqondiso phakathi kwabantu, ebanika isiyalo, waligweba ihlabathi, wagweba ihlabathi ngokwakha inqanawa ngethuba kwakungekho manzi yakuba idade kuwo. Waligweba ihlabathi, iBhayibhile itshilo, kumaHebhere isahluko se-11. Waligweba ihlabathi waze wasindisa indlu yakhe ngokulungiselela nokuba ngumqondiso kaThixo wemigwebo ezayo yaloo mhla. Yinto eyintsikelelo kangakanani!

⁵⁹ Kwiminyaka esemva koko kwavela omnye umqondiso; loo mqondiso yayinguMoses, umprofeti. Yayingumqondiso kaThixo lowo kuSirayeli. Babesekuthinjweni iminyaka engamakhulu amane. Waze uThixo wabalungiselela umqondiso kanye phambi kokuhlangulwa. Kwaye yena wayengumqondiso wokuhlangulwa kukaSirayeli nomqondiso womgwebo kwiYiphutha.

⁶⁰ UNowa wayengumqondiso wokuhlangulwa kubantu bakowabo nomqondiso wokugwetywa kwihlabathi elilahlekileyo, kongakholwayo. Kwaloo manzi arhaxa ihlabathi

emnka nalo ihlabathi yayikukuphela kwendlela yokusindisa uNowa, inye into eyayinokumsindisa yayingumgwebo. Inye into eyakusindisa ibandla namhlanje ngumgwebo, uThixo ubeke umgwebo kweyona nto yokulinganisa. Kodwa uNowa washumayela loo nto inye. Waba ngumqondiso.

⁶¹ Ke ngoku uSirayeli emva kwamakhulu amane eminyaka, baqala ukulilela ukuhlangukwa. Kwaye uThixo akaze aZityhile aZibonakalalise bade abantu baKhe babe bakulungele ukwamnkela oko Abonisa ngako.

⁶² Ngoku . . . Owu, kunokuthiwani ke apha, indlela athe uThixo wasishiya ngayo size esi sizwe. Bazi ngcono. Amaphepha-ndaba ayipapashile loo nto jikelele jikelele najikelele. Imiqondiso yokuza kwaKhe ivelisiwe, kwaye baqhubela kanye phambili njengokuba bangazange bayinake. Abanakuzithethelela. Sisekupheleni.

⁶³ UThixo uthumela kuphela abaprofeti baKhe xa abantu befuna umprofeti. UThixo uthumela umqondiso waKhe xa abantu bewulungele umqondiso. Kodwa i—into inye, abantu akuxhaphakanga . . . Bafikelela kwindawo apho bafuna khona into yemihlali, okanye bafune okuthile, “Sibonise umqondiso ovela eZulwini!” Kodwa xa uThixo ethumela umqondiso, ngoko abafuni kuwubona. Ngoko ufihliwe emehlweni engqondi nezilumko ukuze utyhilelwe iintsana eziyakufunda.

⁶⁴ Abazange bawunake, umqondiso. Indlela engewathi ngayo uSirayeli wazi xa kwazalwa umntwana ogqibeleleyo, xa babejonge apho phezulu baze babona nge—ngexesha leminyaka ababephila kuyo, “Abantu bakuni bayakuba ngabaphambukeli amakhulu amane eminyaka kwilizwe lasemzini, kodwa ngoko ndiyakubakhupha.” Babemelwe kukulazi ukuba ixesha lisondele xa babebona loo mntwana ugqibeleleyo ezalwa. Nkqu nonina noyise, u-Amram noJochebed, babengayoyiki imimiselo kakumkani. Bamthabatha bamfaka kanye phakathi phaya emlanjeni apho kwakukho iingwenya; akukho nanye eyayinokumluma. Babona ukuba wawukho umqondiso. Kodwa abazange bawunake. Babengekawulungeli. UThixo wamngenisisa, wambeka kanye kwibhotwe likaFaro, wenza ukuba uFaro amkhulise, amnike yonke imfundo awayenokuyifumana—ukubonisa ukuba (uThixo) Uzenza njani na izinto—waze waphinda wamthabatha wamsa ngaphaya kwentlango, wenza ukuba ayilibale yonke loo nto.

⁶⁵ UFaro wayemqeqesha ngoko. UThixo wayemqeqesha . . . UFaro waba namashumi amane eminyaka okumqeqesha, waze uThixo wathabatha amashumi amane eminyaka yokumqeqesha, esenza ukuba alibale yonke loo nto. Ukuqeqesha komntu nokuqeqesha kukaThixo. UFaro wayeqeqesha unyana ukuze abe yinkokeli, ichule lokuphathana nabantu, ukuze abe ligorha, umlwi, elungiselela omnye uFaro ozayo oyakuyibamba

iYiphutha ikwindawo zayo eziphezulu, izithobela phantsi zonke ezinye izizwe izenze zihlawule irhafu kuFaro. Kodwa uThixo wamthabatha wamsa ngaphaya kwentlango, wakhupha yonke loo nto kuye, waze wambonisa ngemizuzu emihlanu yexesha ngetyholo elivuthayo ukuba Yena wayenguThixo Ophilayo. Wakhupha konke ukoyika kuye waze wamlungiselela. Wayengumqondiso.

⁶⁶ UThixo ufuna ukuba abantu bakhe bathandaze. Kwaye xa uSirayeli warhafiswa kangangokuba angene kwimeko yokuba abe akanakubheka phambili kwakhona, ixesha labo lalizalisekile nemithwalo yayi—yayakuma kude kunokuba babecinga, ngoko baqalisa ukuthandaza. Baze bathi bakuqala ukuthandaza abantu, ngoko uThixo waqalisa ukuva. Yayilixesha lokuba iLizwi likaThixo lizaliseke.

⁶⁷ Ke ngoko xa u-Amram no-Jochebed babonayo ukuba yayilixesha lokuba iLizwi lizaliseke, baya kuthandaza kuThixo. Kwaye esiqhelweni iba ngabo bathandazayo abo banomthwalo, ngabona bafumana into. Ngabo bathandazayo, abo bamiselwe kwangaphambili nguThixo ukuba benze njalo.

⁶⁸ Besithetha ngale ntsasa kwitafule yesidlo sakusasa ngeli thuba besingxamele ukufumana isonka esiqhotsiweyo nokunjalo ukuze sizokufika enkonzweni. Kubekho into ethile ethethiweyo malunga nendoda eyayi (kude nalapha)—eyathi yabuyela ekutshayeni imidiza emva kokuba yayiphiliswe kumhlaza. Ndathi, “Lusizi olunjani olo.”

⁶⁹ Ngoko omnye wathetha esithi, “Yiyona nto inzima ukusuka kuyo ikhoyo, ukutshaya imidiza.”

⁷⁰ Ndathi, “Ndiyayazi, ngokuba ingumtyholi,” ndaze ndathi, “I—Ingumtyholi.” Ndaze ndathi, “Kwaye awunakuyiyeka ngaphandle kokuba amandla kaThixo abe phezu kwakho.” Ndazi abafa ababini ngemihla yam yobutsha, bobabini babefuna ukuba ngamadoda akwaThixo. Omnye wabo kwathi nje ukuba ndimkhokelele kuKristu, waqalisa ukulumeka umdiza... Watshaya iipakethe zantlanu kungenjalo zibe ntandathu ngemini, ahlale nje alumeke omnye emva komnye imini yonke. Waze wazama ukulumeka omnye umdiza, kwakho into engamvumiyo ukuba enze njalo. Wahamba waya esitovini, engazi ukuba iZibhalo ziyazigweba ezo zinto, wavula isitovu, watyhala loo pakethe yangena esitovini; kwaba kuphelile.

⁷¹ Ngeli thuba omnye umfo wayefuna ukuba nguMkristu, waze wazama ngako konke anako; wakhala eNkosini. Waza wayiyeka isithuba seveki ezimbini okanye ezintathu, waze wathi akuziqonda ukuba ukuloo meko... Waphulukana nengqondo yakhe. Waze wabuyela ezingqondweni wazibona engemva eyadini enkqonkqoza iceba lenkonkxa entloko kuye. Wabaleka waya endlwini ngokukhawuleza wathabatha imidiza yakhe

watshaya ipakethe ngaphambi kokuba emnke endlwini ngolo rhatya, omnye nje emva komnye.

⁷² 'Yabona, omnye wayebiziwe. "Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo Amsale, bonke aNdinike bona uBawo bayakuza kuM." Sasithetha ntoni eso silumkiso? Sasibubomi komnye. Wasibona. Awunakusibona ngaphandle kokuba uThixo asityhile. Sifihliwe kumehlo eengqondi nezilumko satyhilelwa iintsana ezo ziyakuthanda ukufunda. Injalo loo nto.

⁷³ "U-Amram noJochebed babesazi ukuba yayilixesha, iyure yayisondele."

⁷⁴ Kwaye ndifuna ukuyithetha lento ngeli thuba ndithetha ngayo. Asikokothandayo okanye obalekayo, nguThixo owenzela inceba. Injalo loo nto. NguThixo.

⁷⁵ Ngoko namhlanje . . .Owu, mayitshone nzulu lento! Ukuba namhlanje uThixo ukubizile wakwahlula wawedwa kwizinto zehlabathi namandla obuqaqawuli kaThixo akungewalisile kwezo zinto, umelwe kukuba ngoyena mntu wonwabileyo ukhoyo ehlabathini. Kukho izigidi ezinqwenela ukuba zibe bezinokwenza njalo, kodwa azinako. Asikokwazo ukuba zibe naloo nto. Lo ngumhla apho ibandla libizwa likhutshwa kwakhona, lahluliwe. Kwahlukile kwinto ekwakukade kuyiyo. Ewe!

⁷⁶ Xa abantu beqalisa ukuthandaza. Xa uSirayeli waqalayo ukuthandazela umprofeti, uThixo wayenaye umprofeti. UThixo wayenomprofeti lonke ixesha, kuba uThixo wahlala esithi qakatha phambi kwabo. Wayenayo indoda se ilungisiwe, kodwa Wayelindele abantu ukuba baye kuthandaza, ukuba abantu bayifune.

⁷⁷ Ingumzekelo endingathi ngonjani wanamhlanje loo nto. Into esiswele yona namhlanje ayingomvuseleli, asiyiyo enye indoda ephuma kumbutho omkhulu ethile enokuthi ifumene wonke amaqela iwahlanganise ndaweninye. Into esiswele yona namhlanje ngumprofeti othunywe ephuma kuThixo kunye noMyalezo oyakuligweba ihlabathi. UThixo anganayo loo ndoda ukuba abantu nje bangayilungela. Niyazi ukuba ndithetha ngantoni na. Kungenzeka ukuba mhlawumbi unayo ndaweni ithile ehlabathini, kodwa abantu kumelwe bayifune. UThixo akazityhali nje izinto zihle ngemiqala yabantu. Umelwe ukuyifuna. "Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa ngokuba bayakuhluthiswa bona." Injalo loo nto!

⁷⁸ Emva kokuba uMoses waqatshelwayo—emva kokuba abantu, gxebe, baziyo ukuba babeswele inkokeli, baqala ukuthandaza. Baqala ukuthandazela ukuba uThixo abathumele inkokeli okanye umntu othile oyakubakhupha, waze Wabathumela indoda, umprofeti. Lowo yayingumqondiso waKhe. Ngoku, ukuba lo mntu wayengengomprofeti, ukuba wayephakame wathi, "Ndiyingqondi yezomkhosi," u—uSirayeli

wayenelungelo lokungayikholelwa loo ndoda, ngokuba uThixo ngalo lonke ixesha ngokungenakusilela uthumele umprofeti. Biza ixesha libe linye eBhayibhileni elakhe lakho. Kuhlala njalo ingumprofeti Amthumelayo eno ITSHO INKOSI.

⁷⁹ NoDavide ngokwakhe, ingqondi enkulu yezomkhosi awakhe wanayo uSirayeli, ukanti uDavide wayengumprofeti. Ngokuqinisekileyo wayenguye. WayenguDavide umprofeti.

⁸⁰ Walindela ukuba abantu babe nomnqweno entliziyweni yabo ukuba bamve lo mprofeti Wayeya kumthumela. Kakade lalikho iqela elalisithi liyafuna, elalingafuni. Kwabonakala kamva ukuba babengalunganga. Babenomdla nje, nemihlali, kwaye iBhayibhile yathi kwaphuma isihlwele esixubeneyo nabo. Yenza ntoni loo nto? Yezisa inkathazo entlango. Kwaye ngalo lonke ixesha kwakusenziwa into yamandla amakhulu. . . Owu, ndinqwenela ukuba ndibe bendinokuyenza ingene nzulu lento apha. Lonke ixesha uThixo ethumela into ethile, kukho okukrwada, ukulinganisa okukokwenyama kwayo okuphuma kunye nayo, lonke ixesha. Qho kukho into yoku”zenzisa ngokokholo” yaloo nto. Kwaye loo nto ihlala kanye ngokukoko ebantwini. Kodwa umprofeti wenene kaThixo uhlala kunye no ITSHO INKOSI! Akasayi kuze agungqwe asuke eSibhalweni ukuba uthunywe nguThixo.

⁸¹ UMoses wahlala ngokuchanekileyo eSibhalweni. UThixo wathi, “Ndiyakubakhupha!” Wathi kuMoses, “Ndithume wena ukuba wenze loo msebenzi!” UMoses wayenamava; wayehlangene noThixo. Wayenalo iLizwi leNkosi.

⁸² Isizathu sokuba uThixo athumele abaprofeti kungokuba baneLizwi leNkosi. ILizwi leNkosi liza kubaprofeti. Kwaye ukuba akanalo iLizwi leNkosi, ngoko akangomprofeti.

⁸³ Kuninzi ukulinganisa okukokwenyama okuzama ukuthi bangabaprofeti kuzo zonke izigaba zexesha, kodwa bahlala njalo besimnka eLizwini leNkosi. Kodwa umprofeti wenene uhlala ngokuchanekileyo eLizwini! Ngoku, musa ukusilibala eso sicutshulwa! Umprofeti wenene uhlala no-ITSHO INKOSI.

⁸⁴ UYesu wasiyala ngemihla yokugqibela ngoko kuyakwenzeka. Kodwa i-isicaka senene, umprofeti wenene, akaze asilele ukuhlala kanye no-ITSHO INKOSI.

⁸⁵ UMoses wahlala ekunye neNkosi. Yayinguye umqondiso. Wayengumqondiso kuSirayeli ukuba umhla wakhe wokuhlangulwa wawusondele, kwaye wayengumqondiso kwiYiphutha ukuba umhla wayo wesiphelo wawusondele, kuba yarhaxwa yaphela phaya ku-Lwandle Olufileyo emva koko, umkhosi kaFaro uphela. Babesesiphelweni samandla abo ezomkhosi. Waye umprofeti wayengumqondiso wesiphelo sesizwe.

⁸⁶ Yicinge! Mkhulu kangakanani na uThixo yaye Usebenza kubulula obungakanani! Ngokuqinisekileyo ukuba

abangenamfundo abanakuyiqonda, abafundileyo bamelwe kukuyiqonda loo nto. Ukuba amakhoboka aye kwimixuma yodaka lwaseYiphutha ayengenakuyiqonda loo nto yokuba lowo yayingumprofeti ovela kuThixo nokuba ilixa lalisondele, kwakumelwe kangakanani ukuba ibhotwe likaFaro liyazi. Kodwa lolodidi olungaziyo. Nalo udidi oluyiphosayo njalo.

⁸⁷ Kwaye uMoses wema ekhangele ngezoo festile kwabo bantwana bakwaSirayeli bedlula...USirayeli...KuFaro babengamakhoboka nezinja; kuMoses babengabanyulwa bakaThixo. IBhayibhile itshilo ukuthi uMoses wanyula, wazenzela okwakhe ukunyula, ukuba athwale ihlazo likaKristu, elibalela ekuthini libobona butyebi bukhulu kuneziyolo zesono, kuba wayekhangelene nomvuzo.

⁸⁸ UMoses wayesazi ukuba bona babengobaphixi bodaka; bona babengabantu abanesithembiso. Ngokwakhe, wayezazi ukuba wayengubani na. Wayengenakubaxelela; bamelwe kukuba bayiqonde ngokwabo loo nto. Wayezazi okwakhe ukuba wawuyintoni na umsebenzi wakhe a—amelwe kukuwenza. Wayesazi ukuba uThixo unvelisele le njongo, kodwa wayengenakubaxelela. Kwaye okoko babemfamekile kuloo nto, akazange azityhile ngokuphandle bade bayiqonda. Ngoko bawubona loo mqondiso, baze bawazi.

⁸⁹ Wathi, “Ndiyakumnika umqondiso uSirayeli. Thabatha le ntonga; yijike ibe yinyoka. Ukuba abayiphulaphulanga loo nto, ngoko faka isandla sakho esifubeni sakho, sikhuphe; ziphilise kwiqhenqa, ngoko baya kukholwa yiloo nto. Kwaye ukuba abayivanga loo nto, thabatha amanzi uwakhuphe emlanjeni weNayile ezantsi phaya, uwagalele kumhlaba owomileyo, aze onke amanzi abe ligazi.” Yayingumqondiso wesizwe lowo. Abantu baya kukholwa nguwo ngoko...Abo balungele ukuwamnkela baya kukholwa nguwo bakuwubona umqondiso kaThixo uqhubeka. Kodwa isizwe kukuba sibe nento ethile eyahlukileyo. Ngoko Wabanika loo nto yonke ingumqondiso.

⁹⁰ UThixo wasebenzisa indoda, indoda ethobekileyo, umprofeti ukuba abe ngumqondiso wesiphelo saloo meko yesizwe apho ezantsi. Thixo sithumele omnye; sivelisele omnye. Kwaye ukuba abantu bakaThixo bangathandaza kangangoko, Angamvelisa. Ngabantu abamelwe kukuba babe naloo mthwalo. Bamelwe kukuba bavuke. Bamelwe kukuba baqonde. Bamelwe kukuba bazi ukuba ngowuphi na umhla esiphila kuwo nokuba ziziphi na iimeko ezizijikelezileyo phambi kokuba babe bangavuka. Ningaqhubela phambili niphila kanye njengokuba benihleli nisenza: “Ndizakwakha umzi omtsha kunyaka ozayo. Ndimelwe kukufumana inqwelo engcono kuneyakwaJones. Ndimelwe oku...” Owu, okukhulu kangako kwalento, ngeli thuba uqondayo ukuba akunamsebenzi...Ilungile loo nto, kodwa umelwe kukuba uqonde, mzalwana, ukuba yonke le into iyakutshabalala! UYesu wathi, “Musani ukoyika lowo

ubulala umzimba (isiqhushumbisi se-atom saseRussia)... Musani ukoyika lowo unokuwujika lo mzimba ube luthuli oluqhushumbileyo ngemizuzu embalwa, kodwa yoyikani Lowo unokuwujika lo mzimba ube lolo hlobo aze aphose umphefumlo esihogweni.” Yiyo leyo!

⁹¹ Njengokuba ndandithetha nogqirha wangaphandle esibhedlele ngexesha umama wayelapho. Wayethetha ngokuba ibaluleke kangakanani na into yokuba inzululwazi ibe izakusebenza ngezinto ezithile ezakhe umzimba, ize ifake iyeza kuzo, ize ibone ukuba kutheni na ukuba loo nto ibulale intsholongwane, ize iyisindise intsobi yobomi. Ndathi, “Yinto emangalisayo leyo. Intle nje kwaphela.” Ndamphulaphula okomzuzwana, ndade ndathi, “Gqirha, yinto elungileyo leyo. Ndiyayivuyela loo nto. Ilungile; ndi—ndinombulelo kuThixo ngaloo nto. Kodwa khangela, nichithela ubomi benu bonke ekuzameni ukufumana into ethile esendalweni, kodwa kutheni ngamanye amaxesha ningakhe nicinge ukuba nguBani na oyidalileyo? Ngubani owayenzayo? Ngubani umseki wayo? NguThixo uMseki waloo nto. Unokuba mkhulu kangakanani uMdali kunendalo Awayenzayo? Kutheni lento sigxininisa kangaka kwindalo ngeli thuba singacingi ngoMdali Owenza amazulu nomhlaba waza wenza umzimba nobomi, abe enokuwutshabalalisa nangaliphi na ixesha Anqwena ngalo, ngokuba ungowakhe.”

⁹² Iba yinto enika umdla kakhulu le ukusebenza ngayo, umzimba womntu. Siyayibulela loo nto. Bakwazi ukutshintsha iliso lisuke komnye umntu liye komnye, babe nokuthabatha loo misontwana icekethekileyo mincinane, baze bakhuphe iliso kumngxuma womntu, baphinde balifake ngaphaya kumngxuma womnye umntu, ize loo ndoda ibe nokubona ngelo liso. Yinto emangalisayo leyo.

⁹³ Kwakudla ngokuthi ukuba umama, xa wayezakufumana usana, lube—lube usana lungenakuvela, waye—wayenziwa ngolo hlobo, ukuze usana lungabi nakuzalwa, unina kwanosana babesifa bobabini. Yayinjalo loo nto. Kodwa awufane uve ngaloo nto—yayiyinto eyahlukileyo—mhlawumbi ayisekho. Kodwa namhlanje bangathabatha loo mama emva kokuba sele ekuloo meko yokufumana usana, kwaye ukuba— xa umama sele esondele nga—ngamaxesha amaninzi ekufumaneni usana, bangamthabatha loo mama bamngenise egumbini bamnike into ethile elalisayo yokulwa iintlungu balukhuphe olo sana, abe noluhlekileyo—u— uzalo— bathabathe usana. Siyayivuyela loo nto.

⁹⁴ Ndixelele inkqubo ibenye. Ukuba uvale umbhobho kwindawo odibene kuyo apha ngaphandle kwindawo ethile ehamba amanzi kwesi sixeko ukhangele ukuba kuyakwenzeka ntoni na kumbhobho ongomkhulu. Oko kuyakuwugqabhuza. Kodwa singawusika umlenze siwususe, siyinqumle ingalo, ukuze

ngommangaliso kaThixo, Uyakwenza ukuba lidlule eloo gazi ngenye indlela ngexa lesibini alibalekise lijikele ngenye indlela ukusindisa obu bomi baloo mntu. Ngubani onokuyenza loo nto? Ndixelele?

⁹⁵ Unqumle umthambo obaleka igazi omkhulu, unqumle owona mjelo uphuma apha kwindawo ethile emanzini ngeli thuba impompo isebenzayo ukusuka kumbhobho odibanisayo. Iyakwenza ntoni loo nto? Yizame kube kanye ufumanise ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Akukho ndlela iyenye yakuba adlule ngayo. Amelwe kukuthi adubule ebuyela emva kumbhobho odibeneyo. Ukuba uThixo akazange enze indlela yokuba eli gazi lizidlulele ngokwalo, ngokukhawuleza, lingathi likhe lenyukela entliziyweni ungafa. Lonke ixesha uxinga umnwe wakho, ibiyakuba kukufa ngephanyazo. Lonke ixesha usikeka kwindawo ethile ethe yavula umthambo obaleka igazi, okanye into enjalo, ingakukufa ngequbuliso. Ukunqumla umnwe wakho, ungaba ufile. Kuphelele apho. Lingadubula libuyele kanye entliziyweni yakho kwakhona, lize likubulale. Kodwa uThixo . . .

⁹⁶ Ngoku, sicinga ukuba oko kuyamangalisa. Sicinga . . . Kuyinto emangalisayo, kwaye siyayivuyela indlela ethe ngayo inzululwazi ya—yaba nokwazi ukubopha loo mithambo yegazi ize iyenze ukuba ingophi. Ilungile yonke loo nto! Kodwa yayinguBani Lowo Wakusekayo oko? 'Yabona, sikhangelwa kuyo yonke indawo silibale ngoMdali wayo. 'Yabona? Sikhangelwa kwizinto ezizezenyama silibale ngazo zonke i— izinto ezizezomoya. Nantso into esenza yona.

⁹⁷ Ngoku, abaprofeti bakaThixo ngabo a—abaneLizwi laKhe. Naso isizathu sokuba bakholwe abantu kubo. Naso isizathu sokuba uThixo abe wathi kuMoses . . . Wathi phaya kwiGenesis, kaninzi kwi-Eksodus, konke apho, "Ukuba kuthe kweza phakathi kwenu umntu ongowomoya okanye umprofeti . . ." "Ngoku, siza kuzazi njani ezi zinto?" Wathi, "Xa athe wathetha into, yaze yenzeka, athethe eyenye, yenzeke, ngoko kholwani kuyo." 'Yabona? Ngumqondiso lowo. Ngoko Unikela iLizwi laKhe, hayi kwiinkokeli, hayi kwabalawula ngenkani, koko kubaprofeti.

⁹⁸ UKhrushchev akangomqondiso kwihlabathi. Hayi, mhlekazi! UHitler wayengengomqondiso kwihlabathi! Kodwa kwenye indawo, kwindawo ethile uThixo wayenomprofeti othobekileyo olindele ilixa. Nguye umqondiso! Nguye umqondiso oyakuligweba ihlabathi usindise ibandla—loo mprofeti.

⁹⁹ U-Eliya wayengumqondiso ngomhla wakhe, umprofeti u-Eliya. Kwi . . . Ungu—Wayengumqondiso weLizwi likaThixo. Umgwebo kwiYiphutha nokuhlangukwa kuSirayeli ukuba babekholwa kuye . . .

¹⁰⁰ Ngaloo mhla wesono ka-Eliya xa wonke uSirayeli wayesele ebuye umva kuThixo, babeya kungena bonke esonweni. Babese belulibele ulungelelwano; babesele bekulibele ukukhutshwa bekhokelwa nguThixo, noYehova omkhulu owavula uLwandle oluBomvu waze wabakhupha eYiphutha, nomprofeti omkhulu onjengoMoses phakathi kwabo. Babesele bekulibele oko. Siyakulibala oko. Nina maWisile niyamlibala uJohn Wesley; nina maLuthere niyalibala ngoMartin Luther; nina maBhaptizi niyalibala ngoJohn Smith. Abaninzi bethu balibele ngoCharles Finney, oyena umkhulu kubo bonke.

¹⁰¹ Kuthiwa amashumi alithoba anesixhenxe ekhulwini abantu abaguqulwa nguFinney abambeleva. Amashumi asixhenxe anesihlanu ekhulwini kwabaka-Moodey bakreqa kwisithuba sonyaka. Kwaye kwabaka-Wesley, iqela lobungcwele, lalihleli likreqa njalo. Kodwa uFinney waba namashumi alithoba anesixhenxe ekhulwini. Omncinane oyintwanana, obhityileyo, umfo onempandla owaphuma kwiqonga lokushumayela wakhangela ngaphaya esihlweleni kanjeya, baze abantu baquleka ngokuba wahlala ematyholweni ngenye imini wade uMoya oyiNgcwele wambamba. Yayiyi loo nto! Wayengumqondiso wesiphelo, malunga namakhulu amabini eminyaka eyadlulayo, saloo mvuselelo inkulu wathi uWesley nabanye banayo, nomgwebo owawusiza. Wayengumqondiso... eso sizukulwana sinesono.

¹⁰² Nendlela u-Eliya awayenokuma ngayo apho, enobuganga eqinile eyedwa (amen!), kungekho mntu unaye; kodwa wayengumqondiso kaThixo. Isininzi sesifundisi sasiphume semnka no-Ahabhi ngendlela yokwenziwa kwezinto ngokwangoku. Babengabezinto zangoku kweso sizukulwana. Kodwa yenjani indlela awathi ngayo u-Ahabhi wakudala, okanye—u-Ahabhi wakudala kunye naloo nzuzo yakhe yonke inkulu, waze wangenisa ibandla lonke phakathi kubuKamol... kungekubo ubuKatolika, koko iyinto ephantse yafana—ekunquleni izithixo, walizisa kwindawo abathi babhetye—bhetye kuyo, abanye babenokunqula ngale ndlela, kube yinkululeko nje; “Ungenza nantoni na oyifunayo,” baba kolo hlobo lwemeko...

¹⁰³ Kwaye nendlela awathi ngayo wema u-Eliya ngokungqabavu no-ITSHO INKOSI. Owu Thixo, siphe indoda enjalo! Wayengoyiki ukuxelela u-Izebhele ngemeko yakhe. Wayengamoyiki u-Ahabhi. Wayengoyiki ecinga ukuba uphakamile. Wema enobuganga, wahamba waya ku-Ahabhi, wathi, “Akukho nombethe oyakuwa ndide ndiwubize.” Amen!

¹⁰⁴ Uyintoni? Ngumqondiso kweso sizukulwana sonayo. Ingaba uSirayeli wawubona? Hayi! Bamhleka, bahlekisa ngaye. Wachaza kwangaphambili ukuba kuyakubakho imbalela, ukuba kuyakubakho—kuyakubakho ingxaki, ukulamba, indlala. Waze waprofeta ngokunobuganga emi yedwa no-ITSHO

INKOSI! Wathi, “Nkosi, bababulele basuka bonke abenyaniso. Bababulele baphela. Ndim ndodwa oseleyo omi neLizwi laKho!” Yayimalunga nantoni ingxaki? NeLizwi likaThixo.

¹⁰⁵ U-Eliya wayefuna ukuhlala kunye neLizwi. Wayenguprofeti wenene. Abanye abaprofeti babethe, “Owu, kulungile, oko akwenzi mahluko ungako. UYehova akakhathali, uyazi.” UYehova akakhathali! Kunyanzelekile ukuba ibe liLizwi laKhe. Kwaye u-Eliya wema ngokungqabavu kwela Lizwi naku-ITSHO INKOSI. UThixo wamnika imfihlelo encinane ngamhla uthile. Wathi, “Ndinamawaka asixhenxe, Eliya, othe wangqina kuwo phaya phandle. Akanasibindi saneleyo sokuphuma ayibange loo nto. Azimele ematyholweni jikelele; kodwa ezintliziweni zabo, bazizicaka zaM. Abagobanga dolo kuBhahali. Bayoyika ukuyenza loo nto. Kodwa ndininika umqondiso, kwaye wena ungumqondiso. Yima phaya phandle, uze ume kwiLizwi laM. Ndiyakukukhathalela. Banike umqondiso.” Haleluya! Thixo sithumele okunjalo, othile oyakuba ngumqondiso weLizwi likaThixo. Kwaye sonke isithembiso uThixo awasithembisayo siyakuxhaswa kuloo mntu, kuba yena ungumqondiso, umqondiso olityelweyo.

¹⁰⁶ Owu, babecinga ngokuba u-Ahabhi wayengukumkani omkhulu nazo zonke izizwe zazimoyika, oko kwakanele. Kodwa u-Eliya wayengumqondiso weLizwi. Ngumprofeti wenene lowo, umqondiso weLizwi. Ngoko ngelo thuba wayengumqondiso weLizwi, babengakholwa kuye; babengenanto babenokumsebenzisa kuyo.

¹⁰⁷ Wayengumqondiso kumhlokokazi xa uThixo wamthumela phaya ngaphandle kwiNtaba yeKarmele, ezantsi kwe—phezulu emfuleni weKeriti, wamthumela apho ezantsi emva kokuba wayemondle ngamahlungulu waza watsha umfula. Wehla waya kule ndlu yomhlokokazi. Yindawo enjani enokuyiwa ngumshumayeli. Kodwa wehla waya apho, ngokuba uThixo wamxelela ukuba akaye. Kodwa Wehla waya apho. Wathi, “Ndimyalele ukuba akondle.”

¹⁰⁸ Loo mhlokokazi wayemelwe kukuba nomqondiso... Yena wayemelwe kukuba ngumqondiso ngelo thuba umhlokokazi wayelapho phandle, enokudla okwanele nje ukuba enze iqebengwana esenzela yena nenkwenkwe yakhe ukuba balidle, negubu elanele—i-oli ekwigubu yokwenza iqebengwana elincinane elikhaphu-khaphu ekuphilwa ngalo. Wathi, “Ndilapha phandle ndichola inkunana ezimbini.”

¹⁰⁹ Ngaloo ntsasa yoyikekayo, ishushu, ibengezelayo xa loo mfo mdala unobuso obukhangeleka bunoboya, iinwele ezingwevu zijinga emqolo kuye, waphuma apho, yabe ibengezela inkqayi yakhe, wangqiyama ngesango, wathi, “Ndiphe intwana yamanzi ndisele,” waze wathi, “ngaphandle koko, undiphathele intwana yokudla esandleni sakho, iqebengwana!”

¹¹⁰ Wathi, “Andinakudla kwaneleyo. Ndilapha phandle ndichola iinkunana ezimbini zokwenzela unyana wam iqebengwana. Ndinokwanele nje ukwenzela yena libe linye kunye nam. Sizakudla ke sife.”

¹¹¹ Wathi, “Musa ukoyika, kuba ITSHO INKOSI.” Nantso indoda esiswele yona. Yayingathi, “Kuba, oko kusenokwenzeka, dade; kusenokwenzeka. Andazi.” Hayi, hayi! U-Eliya wayeqinisekile ngethemba. “ITSHO INKOSI, laa mphanda awusayi kuphela nelaa gubu le-oli aliyi koma kude kube yilo mini uThixo ayakuthumela imvula ngayo phezu komhlaba.” Amen! Nantso ke. Loo nto yayifanele ukuba ngumqondiso owaneleyo kuye.

¹¹² Yena umele ibandla namhlanje. Emva kokuba u-Eliya wahlala naye ithutyana... wayenenkwenkwe encinane. Yaze yagula. Ingulo yayo yaba yemi kangangokuba kude kungabikho mphefumlo ushiyekileyo kuyo; yafa. Ngoko wenzani yena! Ibandla sele liyibonile loo miqondiso. Kodwa yintoni? Kuthi nje ukuba kufike ukuxakeka okuncinane, ngokukhawuleza lifune ukugxeka ibandla ngaloo nto. Wafuna ukugxeka u-Eliya. Wathi, “Wena mfo wakwaThixo, ngoku uze apha ukuza kundikhumbuza ngezono zam uthabathe ubomi bonyana wam.”

¹¹³ U-Eliya wamthabatha unyana lowo, wenyukela kwigumbi eliphezulu apho wayelala khona apho phezulu, wambeka phezu kwebhedi yakhe, wazolula phezu kwakhe, wathi, “Nkosi Thixo (Haleluya!) buyisela umphefumlo wale nkwenkwe!” Laza usana lwavuka.

¹¹⁴ Walithabatha walihlisa elibuyisela, waze loo mfazi wakhangela kolo sana, waze wakhangela kuye kwakhona; ngoko wayesazi ukuba kwakukho into ethile ekhoyo apho; wathi, “Ngenxa yoku ndiyazi ukuba iLizwi likaThixo lisemlonyeni wakho.” Amen! Wayengumqondiso kuloo mhlolokazi. Wathi akubona amandla kaThixo, Ophilisayo kungenjalo abulale, evusela usana lwakhe ebomini, wathi, “Ngenxa yoku, ndiyazi ukuba wena uyindoda yakwaThixo.” Wayazi loo nto. Izizwe namhlanje zingayihleka loo nto njengoko benzayo ngoko. Babengenakuyikholelwa. Kodwa loo mfazi wayesazi ngokwahlukileyo. Kwakungumqondiso kuye apho, njengokuba wayengumqondiso wokuvusa unyana wakhe ambuyisele ebomini. Abo baprofeti bahlala njalo beyimiqondiso kaThixo.

¹¹⁵ Ngethuba u-Eliya ngoko wabizelwa kukhuphiswano lwamandla, wathi, “Ukuba uThixo unguThixo khonzani Yena. Ukuba uBhahali unguThixo, khonzani yena!”... Ayinakuba ngumhla omangalisayo lowo ku-Eliya namhlanje? Ukuba ezopolitiko zinguthixo, khonzani zona! Sifumene ntoni kwezopolitiko? Senze ntoni? Asifumananga nto koko yinqwaba yokonakala. Akukho nto siyifumeneyo, kodwa silahlekelwe kuko

konke, phantse siso sonke isihlobo ebesinaso kuzo zonke izizwe. Apho kule veki iphelileyo silahlekelwe zezibini kungenjalo ezithathu zezizwe ezizezinye zingena kubuKomanisi. Sirhafisa abantu size sifumane imali yabo siyithumele ngaphesheya phaya ukuba yondle abo bantu bajike bangene kubuKomanisi nje ukuba bomelele. Bubuhana-hanisi obo. Injalo loo nto!

¹¹⁶ Sibanga ukuba singaMakristu. Masifane naMakristu; ngoko kungabi ngakondla nezinto ezinjalo. Koko kuneyona incinane; oko—oko...Umntu nje oqhelekileyo onentliziyo elungileyo angayenza loo nto. Lunqulo olo; asilosindiso. Baninzi abantu abafumana unqulo kunye nosindiso luxutyiwe. Unqulo kukondla abahlolokazi namahlwempu njalo-njalo; lunqulo olo. Kodwa usindiso luzalo olutsha, ukuzalwa ngokutsha. Yahlukile ke loo nto. Unqulo, ubuMohammed lunqulo. Zininzi iinkolo.

¹¹⁷ Ngoku, phezu kweNtaba yeKarmele ngaloo mini wakubiza olo khuphiswano, waze wabiza u-Ahabhi kunye namawaka ababingeleli ababengabasetempileni yamahlelo abo; wababizela phezu kweNtaba yeKarmele, wathi, “Nyukani nize apha! Hlanganani nam apha phezulu! Ndiyakumelana nalo lonke elo qela!” Wenza ntoni? Wayeno-ITSHO INKOSI. Wayengoyiki. Wathi, “Nikelani ngenkunzi ninqule uBhahali. Makathi uThixo ophendule ngomlilo abe nguThixo.”

¹¹⁸ Ngoko yonke imini ngokokude kusukele kusasa kube semva kwedinala, baxhuma bakhwela phezu kwesibingelelo; bazijeca; bakhala; bakhwaza. U-Eliya wahamba esiya emva naphambili, wathi, “Khwazani ngokukhulwana, mhlawumbi usathabathe uhambo lokuya kuloba okanye into enjalo. Mhlawumbi usaphumile kukho into ayizamayo!” kuba wayeno-ITSHO INKOSI. Wayanelisekile; wayeneLizwi likaThixo. Kwaye mzalwana, dade, yintoni eyenye anokuthi nawuphi na umntu ayiswele kunedinga likaThixo. UThixo wathi Uyakuyenza loo nto. Njengokuba u-Abraham wabalela ekuthini uThixo unako ukukwenza oko Athethe ngako. Wazi ukuba uThixo unokuyenza loo nto, ngokuba uThixo wayetshilo.

¹¹⁹ Ngoko wa—ngoko wababiza ukuba benyuke baye apho, ngoko bazijeca bakhwaza yonke imini kwade kwangumnikelo wangokuhlwa, ngoko u-Eliya...Khangela indlela awayenza ngayo loo nto! Into yokuqala awayenzayo yaba kukuqengqa amatye alishumi elinesibini awahlanganise. UThixo akahluka-hlukananga. Amahlelo emvaba ayawahlula amabandla, kodwa hayi uThixo.

Omnye ethe, “UnguMkristu?”

¹²⁰ “NdingumBhaptizi.” Ngoko, oko akungaphezulu kokuthi uyihagu.

¹²¹ Athi, “NdingumWisile.” Ngoko, oko akungaphezulu kwehagu kwakhona kuThixo.

¹²² Ndithi, “UnguMkristu na?” Ukuba unguMkristu umelwe kukuba ufane noKristu, uhlalise ngaphakathi kuwe ubungwele bobuNgangamsha, ngoMoya oyiNgcwele njengoko wawayo ngomhla wePentekoste. Hayi imihlali ethile, koko ndithetha iPentekoste yenene. ‘Yabona? Kulungile!

¹²³ “NdingumPentekoste!”; “Ndi—ndingowobunye!”; “Ndi—ndingumTriniti!”; “Ndi...” Owu, bethu, oko akungaphezulu kokuba uthi ubuyenye into. Akuthethi kwanto kuThixo. Oko kuyahlula.

¹²⁴ Nantso into eyenzeka phaya ezantsi phakathi kwaloo madoda okholo. Kodwa u-Eliya waqengqa laa matye alishumi elinesibini wawahlanganisa ukubonisa ukuba uThixo unguThixo omnye ephezu kwabo bonke, wawaqengqa wawahlanganisa.

¹²⁵ Ngoko wathi akuwahlanganisa olo hlobo, waxhela inkunzi yenkomo waza wayibeka phezulu phezu kwesibingelelo seenkuni. Wathi, “Ngoku, ukuze niqiniseke ukuba akukho kwenza buqhinga kule nto, hambani niye kulanda ishumi elinesibini lemiphanda yamanzi.” Waze ngenene wazimanzisa ngamanzi ezo nkuni. Owu, haleluya! Wayefuna ukubonisa ukuba uThixo wayenguThixo. Ngokuba kutheni? Wayeno-ITSHO INKOSI. Wayengumprofeti. WayeneLizwi likaThixo.

¹²⁶ Ukuze kuthi ngaloo mini ukuba babesithi uyakukhupha ngaphandle ebandleni, bayakwenza oku, okunye, ukubabhaptizela eGameni likaYesu, nazo zonke izinto ezahlukeneyo ezilolo hlobo. Yimfeketho! Ngu-ITSHO INKOSI.

¹²⁷ Umntu othile othandekayo ngobunye ubusuku, wayethetha nam; weza wandigangxa ezingalweni zakhe, wathi, “Mzalwana Branham,” wathi, “ndifuna ukukubuza into ethile.” Wathi, “Ukuba unokuthi wenzelele nje kancinane ngale nto uthetha ngayo...”

Ndathi, “Intoni?”

Wathi, “Lonke olo bhaptizo.” Wathi, “Amabandla aseChicago nako konke jikelele akufuna nje ngenene, kodwa oyika ukuba uyakusuke uchaphazele loo nto.”

¹²⁸ Ndathi, “Ngokuqinisekileyo, ndiyakuyichaphazela. Ngokuqinisekileyo, ndiyakuyichaphazela.”

Bathi... “Ke, nantso kuphela into abayichasileyo ngakuwe.”

¹²⁹ Ndathi, “Ngoko abachasenanga nam; asindim owayithethayo. NguThixo owayithethayo. Ndimema nabani na kubo ukuba eze andixelele ukuba iphosakele loo nto.” ‘Yabona?’

¹³⁰ Wathi, “Ke, uyabona, u—umelwe kukuvumelana wenze ubudlelane.” Ikwayiloo nto inye ababefuna ukuba ayenze, u-Ahabhi. UThixo akenzeleleli. Hayi, mhlekazi! Akenzeleleli.

Wathi...Wathi, “Ngoku, Mzalwana Branham, ndifuna ukukubuza into. Ingaba iNgelosi yeNkosi...” Wathi, “Siyayikholelwa sonke iNgelosi yeNkosi. Ingaba iNgelosi yeNkosi yiyo eyakuxelela oku?”

¹³¹ Ndathi, “Andikhathali nokuba iNgelosi yeNkosi ingatsho. Nokuba ingayiNgelosi yeNkosi, Eyakuthetha loo nto. Kodwa ukuba Ithethe okuchaseneyo, IbingeyoNgelosi yeNkosi leyo!” Ndathi, “Nangaphandle kokuba iNgelosi ithethe ntoni na okanye nantoni na eyenye eyithethileyo, uPawulos wathi, ‘Nokuba kusuke iNgelosi ephuma eZulwini yashumayela nayiphina ivangeli eyenye kuni, mayiqalekiswe.’”

¹³² INgelosi naye wonke ubani apha... Ezinye zingokwenyama, into ekhukhumeleyo ethile xa sithetha ngengeelosi. Kwaye uJoseph Smith, uBrigham Young nazo zonke ezi zinto zingamaqela wenkolo yama-Adventist, nayo yonke enye into, babona zonke iintlobo zezinto ezilolo hlobo, kodwa zihlala zichasene neLizwi. Kodwa uThixo uyalixhasa iLizwi laKhe. LiliLizwi laKhe.

¹³³ Ndathi, “OkokuliLizwi leNkosi! Ngokuqinisekileyo, konke endakhe ndakwazi ndakufundiswa nguYe. Andizange ndiye kwiziko lemfundo okanye esikolweni. Kuvela kuYe.” Kodwa ndathi, “Nokuba bekuchasene... Ukuba bekuchasene naloo nto, ngendingazange ndikhohle kuYe, kuba oko... LiLizwi likaThixo kuqala; yonke enye into ibe bubuxoki.” ILizwi likaThixo, hlala kunye naLo.

¹³⁴ Ngoko u-Eliya wathi akugqiba, wazimanzisa ngamanzi zonke ezo ziqobo ngaphezulu ngeshumi elinesibini lemiphanda yamanzi, wawagalela ngaphezulu phezu kwaloo nto. Wabuya umva apho ezole nje kangangokuba wayenokuba nako. Kuba? UThixo akanakuxoka. UThixo owamxelela oko. Wathi, “Nkosi Thixo ka-Abraham, ka-Isake, nokaSirayeli, makwazeke ngalo mhla ukuba unguThixo Wena, ndaye mna ndisisicaka saKho, kwaye ndikwenze ngokomyalelo waKho oku, ngokuba kungu-ITSHO INKOSI! Ndenze oku ngenxa yokuba Wena wandixelela kona, ngokuba kungokweLizwi laKho! Makwazeke ngoku ukuba Wena unguThixo!” Waze umlilo weNkosi wawa, walidla idini, iinkuni ezimanzisiweyo, wakhotha amatye, nayo yonke enye into, wasusa yonke into. Ngoko uSirayeli wakhwaza, amawaka asixhenxe, “UThixo makabe nguThixo!”

¹³⁵ U-Eliya. Kuhle kangakanani ukubona lowo mncinane, mdala, ukhangeleka ebuthathaka, umzimba onqinileyo oshwabene wonke, loo ntonga incinane isesandleni kuye, igubu elincinane le-oli lijinga ecaleni kuye, nesiqwenga sengubo yegusha simjijele. Kuba babeyakumfaka entolongweni ukuba wayehambe esitratweni. Kodwa bayeka abafazi ukuba banxibe iibhulukhwe ezimfutshane, kodwa ngokuqinisekileyo abanakuyenza loo nto (‘yabona?’), baye kumntu othile...Ke

ngoko. . . Kodwa be—nanko esihla enqumla apho esiza, enqumla induli. Phezu kwezo nkuni. . .

¹³⁶ Ngoku, iNtaba yeKarmeles ingesiso esincinane—esincinane isithuba sendawo esilapha phandle esizikithini sentlango; yintaba enkulu. Ihamba ngokuza ngecala ngolu hlobo, inyuke iye kutsho encotsheni, ikhangele phezu kolwandle. Kwaye u-Eliya kunye noGehazi babaleka baya kutsho phezulu encotsheni. Kwaye u-Eliya wawa ngobuso bakhe apho waqala ukulila kuThixo umqolo wakhe ujongiswe ngaseNtshona, ukhangele elangeni. Iminyaka emithathu neenyanga ezintandathu kungazange kwawa nombethe lo. Wathi kuGehazi, “Hamba uye kukhangela ubone ukuba kukho into onokuyibona na, ilifu eliphuma phezu kolwandle.” Wema phezu kwale ntaba, ekhangele ngaphaya, wathi, “Andiboni nento le.”

¹³⁷ Wahhlala kanye kuloo ndawo! “Thixo ukuba aba bantu bathe baguquka, ukuba aba bantu babuyele kuWe, ukuba balungele ukusuka kuyo yonke le mfeketho babuyele eLizwini laKho, ngoko Wena unguThixo ukuba ube nokuphendula iLizwi laKho.”

¹³⁸ Mandithethe kwaloo nto inye namhlanje. Thabathani la mahlelo emvaba niwaphule. Libalani ngezi yantlukwano zobuhlelo nivumele abantu babuyele kwiLizwi likaThixo, kumgca wokuqingqa, ndaye ndiyakuniqondakalalisela. . . Ukuba usekho uThixo onako ukuphendula ngomlilo.

¹³⁹ Ndicela abantu. . . ukuba babize kuThixo. . . Makathi uThixo. . . Oyakuthi abize umntu. Abantu mabacele umprofethi, uThixo uyakumbeka phambi kwabo. Ndimema izizwe ukuba zenze loo nto. Yiwa ngobuso ucele uThixo ukuba athumele umhlanguli uze ukhangele ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Yenze nje kube kanye. UThixo uyakuphendula. UThixo uhlala esenza njalo.

¹⁴⁰ Wawa ngobuso wathi, “Thixo, makwenzeke namhlanje. Aba bantu bakhe bachasana naWe. Aba bantu babeqhekeke bazizo zonke iintlobo zamahlelo phaya phandle. Kodwa namhlanje UZiqondakalalisile. Wena unguThixo. Kwaye abantu bathe, ‘Lahlelani kude uBhileham!’ ndaye ndiwabulele la mawaka ababingeleli. Basukile endleleni ngoku, Nkosi. Zonke izithintelo zimnkile, izithintelo ezincinane ebezisahlula.” UmWisile angathanda ukuza kunqula kunye nomBhaptizi; umBhaptizi angathanda ukuza angene nabakwaMoya, abanyanisekileyo ngentliziyo phaya ezantsi, la mawaka asixhenxe anyanisekileyo; kodwa abanakuyenza loo nto. Ukuba bathe benza njalo, bakhatyelwa ngaphandle kwamabandla abo. Abanye babo abakhathali; bayeza nokuba kutheni na. Injalo loo nto.

¹⁴¹ Kodwa mabathi bonke badilize elo kratshi bahlangane bathi, “Siyakuzilibala zonke ezi zinto ziyimigaqo apha, nekatekizim, nayo yonke enye into esifunda kuyo; masibuyele

eLizwini leNkosi.” Khangela ukuba kuyakwenzeka ntoni na ngoko. UThixo uyakubavelisela umprofeti—Ngokuqinisekileyo uyakwenza njalo—oyakuLizisa kanye kubo ukuba sebelungele ukuLamnkela. Kuqala bamelwe kukuthandaza. UThixo uyalinda.

142 Ingaba kuyinto engaqhelekanga ukuba uThixo afune ukuba abantu babe nenxaxheba kuloo nto? Xa uYesu wakhangela phaya phandle esivunweni, Wathi, “Amasimi avuthiwe, abasebenzi ke bambalwa. Thandazani ngoko eNkosini yokuvuna (yayinguYe lowo)—thandazani kuM, ukuze Ndithumele abavuni baye ekuvuneni kwaM.” Yinxaxheba ethile omelwe kukuyenza. UThixo ulindela ibandla laKhe ukuba libze kuye. Wahlala eyenza loo nto. UThixo ulinde abantu namhlanje ukuba babizele umkhonzi waKhe emsebenzini. Kwaye umkhonzi akanakungena emsebenzini bade abantu bathandaze.

143 USirayeli wayengenakungena msebenzini phaya ezantsi kunye nemiqondiso nezimanga bade bawa ngobuso babo bathandazela umhlanguli. UThixo wayenaye umhlanguli waKhe. UThixo wayenomprofeti owayejinga phaya phezulu koozintlango, wamgcina apho ithuba lamashumi amane eminyaka elindele bona ukuba balunge bathandaze. Kodwa bathi bakulunga baqalisa ukuthandaza, ngoko uThixo wathumela umhlanguli. UThixo uyakwenza into enye namhlanje, ukuba abantu bangathi bahlangane, baqalise ukuthandaza. Konke kulungile!

144 Wayengumqondiso kwabo baprofeti bobuxoki naku-Ahabhi ukuba yena wayengumkhonzi kaThixo. Wayengumprofeti kaThixo. Ngoko kananjalo wayengumqondiso kuSirayeli ukuba wayenokuvala amazulu okanye avule amazulu xa wayenqwenela ukwenza njalo. Wayenguwo ngokuqinisekileyo. Ndixelele ukuba ngubani na onokuvala amazulu. Ndibonise abe mnye onokuvula amazulu ngaphandle koThixo. Kwaye iLizwi likaThixo—iLizwi likaThixo likubaprofeti.

145 UMikaya, umqondiso kuYehoshafati. UMikaya wayengumqondiso kuYehoshafati ukuba uThixo umgcina ekho umprofeti wenene.

146 Ngoku, qaphela! Wayenamakhulu amane abaprofeti; u-Ahabhi wayenabo. Waze wabiza ukuba kuze loo makhulu mane abaprofeti. Baze ngamxhelo mnye bamxelela. . . Ukanti, ezantsi kuloo ntliziyo kaYehoshafati, indoda yakwaThixo, wayesazi ukuba kwakukho into ethile ephosakeleyo. Wayesazi ukuba kwakukho into ephosakeleyo. Wathi, “Anisenaye na omnye?” Emva kokuba amakhulu amane ayemi apho?

147 Wathi, “Aba ngabaprofeti bonke, abaprofeti bakaYehova. Nangaya a—amaWisile, amaBhaptizi, amaPresbhithari, aboBunye, nabo owu bethu, bethu, amaTriniti nazo zonke iintlobo ezahlukeneyo. Besinabo bonke apha. Kwaye ngamxhelo

mnye bathi esi sesona sizwe sikhulu sikhoyo. Asimelwe koyika nto malunga,” njengenkwenkwe encinane ibetha umlozi phakathi kwamangcwaba, uyazi, xa isoyika. Musa ukuzikhathaza ngaloo nto.

Wathi, “Kodwa aninaye na omnye?”

Wathi, “Owu, ewe, ukhona ongomnye apha, kodwa,” wathi, “ndimthiyile!” Wathi, “Uhlala ethetha izinto ezimbi malunga neli lizwe. Uhlala njalo esithi into embi iza kushlela.”

¹⁴⁸ UYehoshafati wathi, “Ndi—Ndingathanda ukumva!” Owu, ewe! Wayeyintoni? Umqondiso. Ngaphandle kokuba mingaphi na imibutho okanye amahlelo eemvaba, uThixo wayesenaye umprofeti ohlala kunye neLizwi.

¹⁴⁹ UYehoshafati wayesazi ukuba u-Ahabhi wayegwetyiwe, ngokuba laa mprofeti wenene u-Eliya, wayengumqondiso ezizweni, wathi, “Izinja ziyakulixhapha igazi lakho.”...?... Kunjalo. Wayesazi ukuba laa Izebhele kunye naye babezakuhlelwa yiloo nto. Wayesazi ukuba kuyakuba njalo. ‘Yabona?’

¹⁵⁰ Kwaye uMikaya—uMikaya wathi...Benyuka beza kuye bathi, “Ngoku, ndixelele, ukuba uyafuna na ukungena kumbutho olandelayo, ndiyakukuxelela into oyakuyenza, uze uvumelane nje nokuba bonke abashumayeli banyanisile. ‘Yabona? Uze uthi kuye, ‘Nyuka.’” Waza wathi, “Uvume nje.” Wathi, “Ndiyakukuxelela into esiyakuyenza. Siyakwenza... Siyakuqinisekisa ukuba ungena kumbutho wethu, ukuba uyakwenza nje loo nto (‘Yabona?’), ukuba uyakwenzelelela nje kwezi zinto zibalwa uthetha ngazo. Ungene nje—ungene uvumelane nabo, uhambe ubheke phambili kunye nabo.” Haha-haha! Ungaqikelela ukuba umprofeti wenene kaThixo angemnka eLizwini likaThixo? Unga... .

Ke, aba bafo bathi, “Kodwa sibone umbono,” la makhulu mane abaprofeti, “Siyazi. Singabaprofeti. Siyazi, kuba singabaprofeti!”

¹⁵¹ UMikaya wathi, “Andithandabuzi ukuba nibone umbono. Andikuthandabuzi nakancinane oko, ukuba nibone umbono. Kodwa awukho ngokweelaLizwi.” Amen! Wathi, “Nam ndibone umbono.” Amen! Owu, yiba nenceba. Wayengumqondiso. Wayengumqondiso. Wathi, “Ndibone umbono, kwaye ndimbone uSirayeli enjengezimvu ezingenamalusi zithe saa phezu kwenduli, zingenamalusi.”

Kwaye lo mongameli-jikelele mkhulu, ubhishophu wenyuka wammonxoxa emlonyeni, wathi, “Uphume wayaphi uMoya kaThixo ekumnkeni kwawo ukuphuma kum?”

¹⁵² Wathi, “Uyakubona xa sele uvalelwe entolongweni. Uyakubona.”

Yena—u-Ahabhi wathi, “Fakani laa mfo entolongweni nimnike isonka sosizi nimnike amanzi osizi ukuba awasele.” Wathi, “Ekubuyeni kwam ndinoxolo,” wathi, “ngoko ndiyakubona emandikwenze kuye.”

¹⁵³ UMikaya wakudala wema apho eno-ITSHO INKOSI. Wathi, “Ukuba ubuyile oku kokubuya, uThixo akathethanga kum.” Nantso ke! Wayeyintoni? Umqondiso, njengabaprofeti bakaYehova, abaprofeti bakaThixo bahlala kunye neLizwi likaThixo.

¹⁵⁴ Ukuba ufumana umprofeti othi umelwe kukubhaptizwa kwizihlonipho zikaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, ngumprofeti wobuxoki lowo. Ukuba uthi kukho umprofeti phakathi kwenu othi bathathu oothixo, ngumprofeti wobuxoki lowo. Akukho Sibhalo sako konke oko. Injalo loo nto! Kodwa umprofeti wenene kaThixo uyakuhlala nela Lizwi. Kwaye ukuba umbono wakhe uchasene nelaa Lizwi, asingomprofeti wenene ophuma kuThixo lowo.

¹⁵⁵ Akukho ndawo eBhayibhileni apho nabani na wakhe wabhaptizelwa kwizihlonipho zikaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele.

¹⁵⁶ Khangela kuPawulosi phaya phezulu entolongweni, iJuda elincinane elinempumlo egoso, enemandla engqengqe apho phezulu, echithe amashumi amabini eminyaka kwintolongo yaseRoma. Wabhala ezi ncwadi. Ngoku, ucinga ukuba babecinga ntoni abashumayeli babafazi ngoPawulos xa wathi, “Mabathule abo bafazi emabandleni; andibavumeli ukuba bathethe?” Ndicinga ukuba ngebamenza into ngenene. Ucinga ukuba bacinga ntoni abo bhishophu, abo bhishophu, xa bathi bathetha zonke ezo zinto zahlukeneyo, “Yiyeke *le* into apha, nale *apha*, konke *oku*, *okuya*...UPawulos, ndixelele, ngubani lo mfo kanene, lo mfo ungqengqe apha, lo mfo ungqengqe apha entolongweni?” Kodwa wayehlangene noYesu. Wayeyazi into awayethetha ngayo. Kwaye ngokuphuma kwakwelo qela linye, emva kokufa kukaPawulos, ekugqibeleni babumba ngelo qela loo bhishophu nabakhulu, kwiBhunga laseNiceae, yaze loo nto yabumba ibandla lobuKatolika, besimnka kwiLizwi likaThixo. Nako apho bangena khona ooYise, Nyana, Moya oyiNgcwele bakho. Ndicela umngeni nakubani na, naphi na, nakwisiphi na isizwe ukuba aqondakalalise oko ukuba akunjalo.

¹⁵⁷ ITSHO INKOSI ubhaptizo kusetyenziswa isihlonipho sikaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele lolobuxoki. ITSHO INKOSI ndiyalela wonke umntu kuni nina balapha, nakwabamamele ikhasethi abangengakabhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, ukuba babhaptizwe kwakhona eGameni likaYesu Kristu.

¹⁵⁸ UPawulos kwiZenzo 5:9—okanye 19:5, wathi, “Namamnkela na uMoya oyiNgcwele nakholwayo nje?”

Bathi, “Asazi nokuba kukho uMoya oyiNgcwele.”

Wathi, “Nabhaptizelwa enini na phofu?”

¹⁵⁹ Bathi, “Sibhaptiziwe.” Kodwa hayi kubhaptizo lobuKristu! “UYise, Nyana, noMoya oyiNgewele” ayilo bhaptizo lobuKristu. Akukho Mkristu wakhe wabhaptizwa ngolo hlobo eBhayibhileni kungenjalo kumakhulu eminyaka emva kweBhayibhile. Ngumgaqo wobuKatolika ingeyiyo imfundiso yoBukristu. Ndibonise eBhayibhileni. Bu— Bubutshilikithi. Kukusebenza kwedemon. Andithethi kuthi abantu ababhaptizwe ngolo hlobo bayiloo ndlela. UThixo unabaninzi abantu apho phandle namhlanje abangaziyo ukuba kokuphina okungcono.

¹⁶⁰ Kodwa ilixa lifikile. Simelwe kukubuyela eLizwini ukuba silindele ukuba uThixo asebenze ngalo mhla njengoko Wenzayo ngoko.

¹⁶¹ Ndathi kumama ngethuba wayebhubha—phambi kokuba abhubhe. Ndathi, “Mama, ndakuba ngumKristu, njengomfana ndaqalisa ukufuna ndifumanise. Ndandisazi ukuba kwakukho uThixo ngemibono oyaziyo nezinto ezenzekayo konke apha ebomini.” Ndathi, “Ngoko ndifumanise ukuba ibandla lamaKatolika lithe, ‘Sithi ibandla. Akwenzi mahluko nokuba ithini na iBhayibhile; sikholelwa kuloo nto ukuba iyinene; kodwa sithi ibandla. Oko sikuthethayo, uThixo ukubopha eZulwini.’” Ke ngoko, bayenza ngolu hlobo. Ngumzimba omnye lowo. “AmaLuthere athe, ‘Baphosisile, thina siyikholelwa ngale ndlela.’ AmaBhaptizi athi, ‘Baphosisile; thina siyikholelwa ngale—ndlela!’ Kwaye kukho amakhulu aloo mibutho.” Kuba, unganalo njani ukholo? Nguwuphi kubo onyanisileyo?

¹⁶² Inye into eyinyaniso; ndandingayazi ngoko. Ndathi, “Mama, ndiye ndabuyela eBhayibhileni ndaze ndafumanisa indlela ababeyiyo abo bapostile bokuqala, uhlobo lwebandla ababenalo, indlela ababefundisa ngayo, nezinto abazenzayo. Ndaze ndenza ngokuchanekileyo kanye ngendlela abenza ngayo, indlela eyathetha ngayo iBhayibhile; ndaze ndafumana kwa ezo ziphumo zinye.” Amen! Uxolo ngokusebenzisa ingcaciso enjalo, “Kodwa i—incasa yokudla yaziwa ngokudliwa kwako.” Yinyaniso leyo! Ndafumana kwa ezo ziphumo bazifumanayo. Ewe!

¹⁶³ Ngoko awunakwakha themba phezu kwento ekukho amakhulu alithoba wendlela ezahlukelelo zokuya ngale ndlela nangaleya indlela. Ndaze ndafumanisa ngaphaya eBhayibhileni ukuba uYesu wathi ngokwaKhe ukuba umntu uyakususa iLizwi libe linye okanye aLiguqule kule Ncwadi, nabani na oyakongeza nantoni na kuLo, okanye asuse nantoni na kuLo, kwaloo mntu uyakukhutshwa, isabelo sakhe kwiNcwadi yoBomi. Oko kubonisa ukuba igama lakhe belikhona apho kulungile, kodwa liyakucinywa.

¹⁶⁴ Owu, simelwe kukubuyela kweli Lizwi. “Amazulu nehlabathi ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kusilela.” Ewe,

mhlekazi! “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki elaM ke libe yinyaniso,” watsho uYesu. Masihlale kunye neLizwi! Ewe! Owu, bethu! Ewe!

¹⁶⁵ UYehoshafati wayesazi ukuba uThixo ugcina umprofeti wenene ohlala kunye neLizwi laKhe aze angenzeleli ngaLo.

¹⁶⁶ Hayi, mhlekazi! Uhlala kunye nalo kanye, amakhulu amane echasene naye ngeziprofeto zawo kananjalo, kodwa okwakhe yayiliLizwi likaThixo nomqondiso okwamnye nezo zinto. Kwaye ndithi namhlanje, into esiyisweleyo yindoda, umprofeti, aveliswe phakathi kwethu oyakuma neLizwi likaThixo ngaphandle kwayo nantoni na ethethwa nguye nabani na okanye nayiphi na imvaba yobuhlelo eyithethayo.

¹⁶⁷ UMikaya wayengenantsebenziswano. UMoses wayengenantsebenziswano. UNowa wayengenantsebenziswano. Akukho namnye kubo owayena— owakhe wasebenzisana. Konke kuchasene nabo. Kodwa bangumqondiso kwimihla emibi phambi kokuba uThixo athumele umgwebo. Kwaye uThixo uyaligcina iLizwi laKhe kwaye ufuna ukuba iLizwi laKhe ligcinwe ngabantu baKhe. Mayibongwe iNkosi!

Ngoku, siyehla siya ekuvaleni, okwemizuzu embalwa nje ngoku. Ngoku, phulaphulisisa.

¹⁶⁸ Kwakukho indoda ethunywe ivela kwaThixo egama linguYohane, umqondiso womprofeti. Phambi kokuba uYesu abe wathi weza emhlabeni ukuza kuZichaza, Wathumela umprofeti phambi kwaKhe. Ingaba Wayenza loo nto? Wathumela umprofeti. U-Eliya weTestamente eNdala waprofeta ukuba kuyakuza onamandla ka-Eliya, weTestamente eNdala. Wayeya kuba ngumqondiso womprofeti wokuba uYesu wayesiza, ukuba kwakukho uMesiya ozayo.

¹⁶⁹ Kwaye xa uYohane waphuma entlango, wayengumqondiso wokuba uMesiya Wayesendleleni. Xa uYohane wavelayo, uSirayeli wayemelwe kukwazi ngabaprofeti bakhe... Nako apho bayiphosa khona abantu. Abakholelwa kubaprofeti babo. Abakholelwa... Asikholwa kwinto awayithethayo uPetros ukuba yayiyinyani ngomhla wePentekoste.” Abakholelwa ukuba yayiyinyaniso leyo. Abakholelwa kwinto awayithethayo uPawulos—kwaloo nto inye yenziwa nguPetros—waze wathi, “Ukuba iNgelosi ephuma eZulwini ishukumayela naliphi na iLizwi elilelinye, mayiqalekiswe.” Abakholelwa kuloo nto! Yabona? Abakholelwa yiyo! Kwaye babengakholelwa ngabaprofeti babo. Ukuba babazile, babeyakwazi ukuba u-Isaya wathi, “Kuyakubakho izwi lomemeza entlango eliya kulungisa indlela phambi kweNkosi.” Ngebabeyazile loo nto. Wayengumprofeti, ishawwe kubaprofeti. Wabaxelela, kodwa abazange bakholelwe iyiloo nto. Hayi, hayi! Wathi, “Kukho uMesiya ozayo.”

¹⁷⁰ Le ndoda yayiyindoda ethunywe kwaThixo. Owu, mzalwana. Yayingalandelwa. UThixo wayinika abalandeli,

umhlambi omncinane, kanye njengokuba Wenzayo ku-Eliya. UThixo wayinika abalandeli bayo. Ayizange ibafumane kumbutho othile wezopolitiko. Yashumayela iLizwi, yahlala phezu kweLizwi likaThixo, waze uThixo wayinika umhlambi omncinane. U-Eliya wahlala phezu kweLizwi likaThixo. UThixo wamnika umhlambi omncinane.

¹⁷¹ Le ndoda yayingenakusebenzisana kuthile. Yayingenabalandeli, ingenantsebenziswano, ingenguye owehlelo, wayengaceli nto, engoyiki nto. YayinguYohane lowo. Kuba? Wayeyindoda eyayithunywe ivela kwaThixo. Naso isizathu sokuba abe wema. Wayengu-Eliya emi apho nokuqondakalalisa ebantwini ukuba uMesiya wayesiza. Wathi, “Ndililizwi laLowo udanduluka entlango, njengoko watshoyo u-Isaya umprofeti. Yilungiseni indlela yeNkosi!”

¹⁷² Abo baFarisi nabaSadusi bema apho bexambulisa malunga needyasi zabo nezinto ezinjalo. Kanye ngelo thuba babexambulisa bexoxa ngazo, wangena kanye esizikithini phakathi kwabo, kwafika uMesiya ehamba. UYohane wathi, “Bonani, nguYe lowo.” Haleluya!

¹⁷³ Mkhangele! WayeMazisile. “NguYe lowo. Umi kanye phakathi kwenu ngoku.” Malunga nelo xesha, amazulu aduma, uYesu wahamba wangena emanzini, waze uYohane wathwala ubungqina, ebona uMoya kaThixo unjengehobe usihla, iZwi likhwaza “Lo nguNyana waM eNdikhholisiweyo kukuhlala kuye.” Owu, bethu, bethu!

¹⁷⁴ UYohane wathi, “Ngoku, ndimelwe kukuba ndinciphe; ande Yena.” Owu, onjani umprofeti. Ngumqondiso kuSirayeli. Ewe, mhlekazi!

¹⁷⁵ Wayeyindoda ithunywe ivela kwaThixo, nakubeni utata wakhe wayengumbingeleli. Owu, ewe! Uyise uZekariya wayengumbingeleli. Kodwa ingaba uqaphele, uThixo wayengenakuvumela loo mprofeti axubane nemibutho yabo. Uyise ngewamthathayo wamsa ngaphaya kwisikolo sezakwalizwi, kwelikhulu elinguthile-thile ihlelo, wamenza umlungiseleli ophume izandla, uyazi, waze wamqeqesha kakhulu wamnika into eninzi yawayengafanelanga kuba nako. Kodwa uThixo wayengenakuvumela ukuba umphefumlo wakhe ungcoliseke. Niyaqonda? Wayengenakuvuma ukuba loo ndoda ixubane nemibutho. Akazange abe ngowawo nawuphi na kuwo, akukho qela lankolo, abaFarisi, abaSadusi, okanye amaHerode, okanye nantoni na ekwakunokuba yiyo. UThixo wayengenakuyivumela loo nto.

¹⁷⁶ Wayezelwe ngendlela engaqhelekanga. Wayengumntwana ongaqhelekanga. Wayengumprofeti. Uyise wayengumbingeleli, kodwa Wayengenakuvumela axubane nabo bonke ubuhana-hanisi babo, iinkolo zobuFarisi nezinto ezinjalo. Wenza ntoni? Wamthabatha wamkhuphela entlango wamqeqesha entlango.

177 Okunjani ukuqeqeshwa! Amen! Wamqeqesha ngamava. Kokona kungcono oko. Ukwazi uThixo...Wathi ukuphuma kwakhe, wayesazi ngokuchanekileyo ukuba wawuyintoni umyalelo wakhe. Kwaye uThixo wawungqinela loo myalelo. WaWungqinela phi? Emlanjeni. Ngoku, ukuba ungakwazi ukudibanisa isibini nesibini uthi sisine...Phezu komlambo! Wathi, "Ndililizwi lalowo wadandulukayo entlango, 'yilungiseni indlela yeNkosi, wutyenenezeni umendo waYo.'"

178 UYohane indoda ethunywe ivela kwaThixo. UThixo wayengenakumvela ukuba angcoliswe yiloo nto. Wamqeqesha entlango ngoThixo. Wamqeqesha, kungekuko kwizikolo zabo, hayi kwizifundo zezakwalizwi zabo. Ukuba waYeyakwenza njalo, ngewayengxalwe ngayo yonke into enjengoko kuphuma ezikolweni namhlanje, zonke iintlobo zezikolo; ingengomaPresbhithari nje, amaBhaptizi, namaWisile koko izikolo zabakwaMoya, zibi kangako nazo, naziphi na kwezo zikolo zeLizwi zibakhupha apho. Hayi!

179 Uyeza...Watsho uMoya ka-Isaya...Uyeza, ukuza kukaYohane kwakuxelwe kwangaphambili eSibhalweni. U-Isaya 40 ne-3 wathi, "Ndiyakuthuma umthunywa waM phambi kwam...alungise indlela..." Kungenjalo, lowo yayinguMalaki 3. Wathi...uMalaki 3, wathi, "Uyakuthuma umthunywa waKhe phambi kwaKhe. Umprofeti, umprofeti wokugqibela ekwathethwa ngaye. Into yokugqibela eyayithetha ngaye. Khumbula, iNcwadi yokugqibela yeTestamente eNdala yathetha ngokuba u-Eliya uyakuza kubantwana bakwaSirayeli phambi kokuba abonakalaliswe uMesiya.

180 Ingaba senilungile? INcwadi yokugqibela yeBhayibhile, iSityhilelo, iyasibonisa ukuba kuyakubakho ukubuya okuthile kwakhe ngemihla yokugqibela esiza kwibandla labeenNtlanga, umqondiso. Indlela abayiphosa ngayo. Uprofetiwe ukuba uyakuza kwakhona kanye nje phambi koKuzi kwesibini kweNkosi. KuMalaki isahluko se-4 nakwiZityhilelo, kananjalo, isahluko se-3, sisixelela ukuba uyakuba lapha ngemihla yokugqibela, ukuba kwalowo wema ethubeni ngenxa yabantu kunye nomhlambi omncinane awayeyakuthi uThixo amnike wona. Uyakufika ngemihla yokugqibela. UThixo watsho. Uyakuba ngumqondiso kwesi sizwe seNtlanga sokuba ixesha laso alisekho.

181 Kwaye khumbula, xa avelayo, ixesha lisondele! Masithandaze kuThixo ukuba amthumele. Ixesha lisondele! Nje ukuba ulungiselelo lwakhe lube lwaluphelile, uMesiya waZibonakalalisa.

182 Nje ukuba lo umkhulu uyakuza ngemihla yokugqibela agqibe ulungiselelo lwakhe, uMesiya uyakuZibonakalalisa. Kuyakuba njalo. Ixesha lisondele, ngoko kungcono sithandaze. Kungcono uqalise ukuthandaza.

183 Ungumqondiso ovela kuThixo kwesi sigaba oyakuqondakalalisa oko Akuko. Wonke umntu uyakuyazi loo nto. UThixo uyakuyingqinela. Uyakubonakalalisa imiqondiso nezimanga ezingazange zenziwe phezu komhlaba ngaye. Andithethi ukuxhuzu-xhuzula, ukushukumisa, nokuthetha ngeelwimi. Uyakubuya neLizwi likaThixo njengokuba yayinjalo le ndoda. Kuba? Kuprofetwe ukuba uyeza kuMalaki 4 nakwiSityhilelo 3, ngoko uyakuza. Akukho nto iyakumthintela; uyeza (amen!) uyakuba lapha. Amen! Mabawe ngobuso babo abantu namhlanje baqalise ukuthandaza kuThixo bakhangele oko kuyakwenzeka. Niyakumbona ebonakala esemandleni. Ewe, mhlekazi!

184 NgokweSibhalo umyalezo womqondiso wakhe uyakuba kukugugula...Uyakuba yintoni owakhe...Siyakumazi ngokuba eyakuba yintoni? Siyakwazi njani ukuba ngowuphi na yena?

185 Uyazi, uSirayeli wayibuza loo nto ngaxesha lithile ngaphaya kwiDuteronomi isahluko 20, ivesi 20, ndiyakholwa yiyo. Wathi, "Siyazi ukuba lo uyakuba ngonguye? Sazi njani?" UThixo usixelela ukuba siyakumazi. Uyakwenza ntoni? Uyakuguqulela iintliziyo zabantwana zibuyele kuMyalezo wePentekoste yakuqala ekuqalekeni.

186 Owu, bethu! Umqondiso ongaqatshelwanga, umqondiso oyinene, kwaye bayawuphosa. Bahlala besenza njalo. Emva ukuya kwibandla lenene, uMyalezo wenene.

187 Uyakuma yedwa ngokuchasene namahlelo, engqabavu engenaloyiko no-ITSHO INKOSI. Akayi kwenzelelela nakuliphi na ihlelo; akayi kuba nanto yakwenza nawo. Akayi kuyekelela kuyo nantoni na na. Uyakuba ngongqalileyo eLizwini, ITSHO INKOSI. UThixo uyakulungqinela ulungiselelo lwakhe ngemiqondiso nezimanga, ukutyhilwa okukhulu kweLizwi, nokuveliswa kubantu. Yenjani imini esondeleyo! Njengokuba...Uyakuma njengokuba wenzayo uPetros noYohane—ngomhla wePentekoste. Emva kwaloo Pentekoste kukuze babe nokuzaliswa ngoMoya oyiNgcwele, babhaptizwa apho, bema kuloo ntendelezo ye-Sanhedrin; bema apho benabo bonke ubuganga ekwakunokumiwa kubo. Bathi, "Siyanalela ukuba nifundise ngeGama likaYesu kwakhona."

188 Wathi, "Ingaba okona kulungileyo kukuphulaphula nina na okanye uThixo? Zigwebeleni ngokwenu." Engazi nto, engafundanga! Amen! OkukaThixo...Babengabaprofeti. Babengabaprofeti, bethanjiswe nguThixo. Babeyimiqondiso kaMoya oyiNgcwele. Babengabaprofeti. Babesazi.

189 Babefana nje kunye noYohane. Babekhe benyuka baya apho ePentekoste, kwaye babenento abayifumeneyo. Babengafani nabaninzi babashumayeli bethu namhlanje, abangabendlela yokuzithandela kwabo, beqhayisa ngokuba ungakanani na

ukuba mkhulu umbutho esinawo, bangaphi na esinabo kumaqela ethu amakhulu. “Simi ngokombutho omkhulu. Senza umsebenzi omkhulu wokumisela amabandla.” Owu, yiba nenceba! “Owu, sinezihlewe ezikhulu kunabo bonke abanye.” Yintoni na? Kukutsala ngokwezopolitiko! Ndifuna ukuba uphulaphulisise okwale ilandelayo mibini, imizuzu emithathu.

¹⁹⁰ Ukutsala ngokwezopolitiko! Ngokuqinisekileyo, ndikhe ndathetha into kwimizuzu embalwa edlulileyo; niyazi ukuba ndithetha ngantoni na. Ngomqondiso oprofetiweyo. Ndiyiyeke, ndayibeka phambi kwenu. ‘Yabona? Ke... Ingekuni nodwa nilapha, kodwa kwabo bayakuva, iphezu kwenu! Yenzani ngayo nantoni na enifuna ukuyenza. Maze nithandaze nibone uThixo enyakaza kuloo ndawo. Mkhangeleni Ezalisekisa iLizwi laKhe. Ulindle.

¹⁹¹ Xa iziqhushumbisi ze-atom, nabantu besoyika kwiPentagon (umanyano lwezizwe ezikhulu ezihlanu), abazi ukuba mabenze ntoni na, imiqondiso esisimanga esibhaka-bhakeni yezinto ezingaziwayo ezikhanyayo ezibhabhayo, nayo yonke into awathi uThixo wayixela kwangaphambili, lixesha laloo-Eliya—ukho kwindawo ethile—ezakuthi gqi.

¹⁹² Mabathi abantu, mawuthi lo mhlambi mncinane, loo masalela mancinane, ayakuthi uThixo amnike wona, ithi loo ntsalela incinane iye kubizo lokubizelwa ngaphandle nguThixo ukhangele ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Kuyakubakho umboniso wamandla wesizwe. Kuyakubakho amandla abangazange bawabone ngaphambili. Inkathazo kulento yile, ngeli xesha kuyakube seliphele kakhulu ixesha kubo. Ingcango ziyakube sezivaliwe. Ngoko khumbula, sisekupheleni kwexesha. Thandaza!

¹⁹³ Khangela namhlanje kulento siyibiza ngokuba lulungiselelo. Yintoni le sinayo? (Ngoku ekuvaleni ndifuna ukuthetha oku. Yintoni le sinayo? Akukho nto sinayo. Ezinye zenkokeli zethu eziphambili, abona baphambili, babavangeli bethu... Omnye wabona bavangeli baphambili bethu wathi, “Ukuba ndinokufumana ishumi ekhulwini labantu endibaguqulileyo bebambebele unyaka wonke, ndiyakuba nombulelo kakhulu.” Ngoku nkqu kungekudalanga kakhulu wathi uFinney wafumana amashumi alithoba anethoba ekhulwini wabo. UPawulos waba nekhulu longezwe ngamakhulu—amakhulu ongezwe ngamakhulu. Omnye wayesindiswa, wayezaliswe kangako, mzalwana, wayehamba axelele umntu ongomnye; aze axelele omnye umntu; aze axelele lowo; kwaya ekubeni zizigidi. Kuba? Babenento. BabekwiLizwi.

¹⁹⁴ Namhlanje sicinga nje ngezihlewe ezikhulu. Yintoni na? Ngumbutho wezopolitiko. Ukuba thina siyeza—umvangeli othile obalulekileyo ufika esixekweni, yintoni ezakuqala? Liqela lamadoda. Kwaye ukuba... Onke amaWisile, amaBhaptizi,

amaPresbhithari, ewonke, benza indawana encinane abajonge ukuyiphumeza aba... Umelwe kukushumayela *oku* kuphela; yaye akanakukushumayela *okuya*; kwaye akanakukushumayela *oku*; koko unokushumayela *okuya*." Yintoni le sinayo? Kwaye bayenyuka baye apho...

¹⁹⁵ Abafazi—ndithetha ngabakwaMoya—abafazi bayangena apho, benyuke baye esiguqweni... baqalise ukucenga...

¹⁹⁶ Ndandihleli ndichasene nokubizela esiguqweni. Ndisenokukhe ndiyithethe loo nto. Andikholelwa kwezo nto zinjalo. Akukho nto injalo eBhayibhileni. Angeza njani nawuphi na umntu ngaphandle kokuba uThixo umbizile? Awunakuze umenze angasondeli. Akukho nto umele ukuyibiza ukuba uThixo umbizile. Ukubizela esiguqweni yimbono yobuWisile leyo. Injalo loo nto! Ukubizela esiguqweni... Babebafumana bonke, bathi, "John, uyazi, umama wakho wabhubha kwixesha elide eladlulayo..."

¹⁹⁷ Owu, Yho-yho; ewe, mzalwana; Yho-yho." Asiyonguquko leyo.

¹⁹⁸ Apha kubusuku obumbalwa obudlulileyo sasino—nomboniso eLouisville umfazi owangeniswa ekwibhokisi yomngcwabo, yabekwa eqongeni kwindlu eyayiyokugcina izixhobo. "Amakhulu abantu," kwathiwa, "Balekani niye esiguqweni." IVangeli ayisosoyikiso. Ayikokuziva unosizi; yinguquko yokuhlabeke.

¹⁹⁹ Khangela kwezi nkonz, abavangeli abakhulu, kwaye nkqu nolwam oluthobekileyo, ulungiselelo oluncinane—ndingazikhupheli ngaphandle... Ngamanye amaxesha ndiziva ndineentloni ngokuphuma. Kunjalo! Senza ntoni? Siyema sibizele esiguqweni sibacenge. Amantombazana amancinane enyuke aye apho abe ehlafuna iintshungama. "Yabona, yabona, ndiyaya..." [UMzalwana Branham uyalinganisa—Mhl.] Aba bafazi benyuka baye apho benqothule iinwele benobuso obuqatyweyo—abakwaMoya—bangene, baze baphume, bathi bathethe ngeelwimi; bangakhe baziyeke zikhule iinwele zabo baze benze kwaloo nto bebeyenza. Undixelela ukuba yinguquko leyo? Yimpoxo kuThixo leyo. IBhayibhile ith e kusisono nehlozo kubo ukuba bachebe iinwele zabo. Angathini umfazi onenwele ezinqothuliweyo ukugxeka umfazi oziqaba ubuso? Naye usenokubuqaba. Iyeza iyure yokuba izembe libekwe ezingcanjini zomthi, ukuze wonke umthi ongathwali siqhamo silungileyo ugawulwe uwiswe.

²⁰⁰ Kwenzeke ntoni? Yayingekho ndleleni. Kuba aba bethu bangoku, abo babizwa ngokuba ngabashumayeli apha phandle... iziqhu ezikhulu, nabanobuyoko-yoko abaphakamileyo, nemibutho, abazinto ngoThixo kunokuba uNoqhakancu esazi ngezithwalandwe zaseYiphutha. Xa kufika... Benyuka apho...

201 Kwakuyakuthini ukuba abantu ngomhla wePentekoste babenyuke apho bathi, “Ngoku, uYesu wasiyalela ukuba sinyuke size apha sihlale side samnkele amandla avela phezulu. Ngoku, bazalwana, lithoba lonke leentsuku silapha; masiyamnkele ngokholo loo nto. Ngoku, sinawo uMoya oyiNgcwele. Siyaphuma. . . Ngokuba sibekho apha; sikwenzile oko ebisixelele kona uYesu.” Ngekwakungazange kubekho mava.

202 Mandinixelele into. Ndiyazi ukuba eli likhasethi, kodwa nantsi isiza nakanjani na. Phulaphula ndizakukuxelela into. Kulihlazo, abantu uku. . . Andizange ndikholelwe ekubeni uMoya oyiNgcwele wawukukushukuma. Andizange ndikholelwe ekubeni uMoya oyiNgcwele yayikuku— bubungqina bokuthetha ngeelwimi, okanye ukulila, okanye ukukhwaza! Ezo zinto zimvakalelo zemihlali. Ndiyakholwa ukuba uMoya oyiNgcwele unokuyenza loo nto. Kodwa uMoya oyiNgcwele bubungamsha obungcwele buhleli ngaphakathi. Kwaye ndiyakholwa ukuba iqela elikhulu labantu elibanga ukuba linawo uMoya oyiNgcwele alazi nento enye malunga naWo. Uhlangana noThixo!

203 Indlela ekwathi ngayo ngomhla wePentekoste, bathi, ngoku njengamaBhaptizi namhlanje, amaPresbhithari, namaWisile, ndiyabuza, “Ingaba uyakholwa ekubeni una. . . .”

204 “Owu, ewe, siwamnkela ngokholo.” Ngokholo, akukho kwanto! Asinguwo lowo. Yimihlali.

205 Uyakuthanda ukubona ukutshona kwelanga, uze ume ukhangele ilanga lisihla litshona, ulile, iinyembezi zihle. AsingoThixo lowo. Loo nto yimihlali esuka kwinto ethile ekuwe. Xa uthe weva ngomntu othile ogulayo okanye umntu othile ofayo, uyakhwaza ukhale, asingoThixo lowo. Loo nto kukuvakalelwa kobuntu. Indlela uThixo. . . .

206 Ndakhe ndababona abantu kumdlalo webhola bevuya kangangokuba bade bathintithe ngemilebe yabo, nayo yonke enye into. Ungandixeleli. Siswele imvuselelo, usindiso. Kwaye abantu bakwaMoya bayafika benze abantu babe nomdla, babaxelele ukuba xa bathe bathetha ngeelwimi bawufumene uMoya oyiNgcwele. Kwaye abanye babo baphila zonke iintlobo zobomi emva koko. Phulaphula, mzalwana, ngomhla wePentekoste kwakungenjalo. Babengazange baxhomekeke kuthetheni ngeelwimi okanye nakwiyiphi na into. Ngethuba babelapho bemi kwindawo enye bemxhelo mnye, uThixo wehla ngenene phakathi kwabo. Babona phezu kwakhe ngamnye ukulenyenza komlilo okumalunga njengokuya kujinga phezu kweentloko zabo. UThixo wayekho! Yayingeko kuthi “umamnkela ngokholo” okanye ngokuziva ngemihlali okuthile. Babezaliswe nguMoya oyiNgcwele, baze baphuma ke baqalisa ukuthetha ngeelwimi. Kodwa kuqala bahlangana noThixo.

Nantso into engundonakele namhlanje. Abantu benziwa nje babenomdla, ibe yimihlali, ibe ingenguwo uMoya oyiNgcwele. UMoya oyiNgcwele kukuhlala ngaphakathi kobuNgangamsha bobungcwele. Amazwi akho liLizwi laKhe. Ndiyakuxelela, into esiyisweleyo namhlanje lubizo.

²⁰⁷ Abantu bayangena... Abafazi abafana nabo bayangena, bathethe ngeelwimi, babuye baphume, kwaye ukhe waya kwindawo zabo nje apho akhoyo amabandla abo... .

²⁰⁸ Ndinqwenela ukuba abe uBilly ebehleli apha. Ndisandula kufumana incwadi evela emazantsi phaya kwindawo ethile ngenye imini apho umfazi wathi, “Ndingowombutho othile omkhulu... .” Owona mbutho mkhulu wabantu bakwaMoya, umbutho omkhulu wamatriniti. Waze wathi, “Bonke abafazi phaya kuthi, Mzalwana Branham, bonke bayazicheba iinwele zabo. Bendineenwele ezinde ezimnyama.” Wathi, “Bendihleli ndizithanda, ngokuba bendikholelwa ukuba ibizezeNkosi.” Wathi, “andizange ndiqabe make-up. Ibandla lethu lifundisa ukuba loo nto yeyodidi lwakudala.” Wathi, “Bandixelela ukuba xa bendisonge iinwele zam zazisisipha emqolo, bathi, ‘Khangela apha, unevili elingenamoya emqolo’ nazo zonke izinto ezinjalo. Bathi, ‘Uthwele elingenamoya—ivili elingenamoya ekhosi kuwe.’” Waze wathi, “Ekugqibeleni umyeni wam wathi, ‘Kutheni ungazichebi nje iinwele zakho ufane nabo bonke abanye aba.’” Ngoku, ndinencwadi ephindela kuye. Wathi, “Ingaba kunjalo (Ndive kwelinye lamakhasethi akho) ukuba ubhaptizo loBukristu luseGameni likaYesu Kristu?” Ngoku, niyazi ukuba uyakufumana ntoni na akunjalo? Ehe, ewe! Wathi, “Ndixelele, Mzalwana Branham, ndilambile; ndifuna ukwazi ukuba ndenze ntoni na.”

²⁰⁹ Ndizakuthi, “Uhlazekile laa myeni ukreqileyo wakho nelaa qela lingenaThixo ukhonza kunye nalo. Phuma phakathi kwabo!” Kunjalo! UThixo akanakuguqu-guquka. Xa uThixo ethe wathetha into, sukube Enyanisile. Andikhathali nokuba bangaphi na abashumayeli abangabakreqi abafuna ukwenzelelela ukuze babe nombutho omkhulu kungenjalo iqela. Siswele abangabosindiso. Amadoda ayakuma axelele amakhosikazi wabo ukuba enze ngolo hlobo, lincinane ithemba endinalo kumava enu okuba ngaMakristu. Kunjalo! Guquka kungenjalo utshabalale! Tyhini le!

²¹⁰ Ungena ngolo hlobo, ujoyine amabandla—iicawe zakwaMoya—ubuye uphume ungakhe uguquke nakancinane, uhlale useyiloo nto, ungakhe ushukume nakancinane. Owu, ukuba lusizi! Yintoni na? Ngoo-Izebhele bala maxesha. Mnye kuphela umfazi eBhayibhileni owakhe waziqaba ubuso, waze uThixo wondla ngaye izinja. Oo-Jezebhele bangoku barhuqa oo-Ahabhi babo ngeempumlo. Nayiphi na indoda enobufazi eyakuvumela umfazi wayo ukuba enze ngolo hlobo, anxibe iibhulukhwe ezimfutshane nezinto, aze aphume

apha esitratweni, enxibe iilokhwe, ekhangeleka ngokungathi uhlinzwe waqiniswa ngokwe-weiner inyamakazi, ehlinzwe yonke ngolo hlobo, aze ahambe (Andiyithethi njengesiqhulo loo nto— asiyondawo yakuqhula le. Eli liLizwi likaThixo! Liyinyaniso! Kunjalo!) Ehle ngesitrato enelokhwe emqhine kangangokuba angabi nakho nokuhamba, ithi indoda ethile yakuba nento eyithethayo malunga naye ufuno ukulwa nayo. Ubumelwe kukuba ube—ubethwe emhlathini (injalo loo nto!) Ngenxa yokumvumela enze into enjalo. Oko kubonisa ukuba unjani na. Kunjalo kanye.

²¹¹ Into esiyisweleyo yiVangeli. Thixo, velisa umntu othile abonakale obuyele kanye eLizwini. UThixo wathi asiyiyo nento ehloniphekileyo kumfazi kwa ukuba eze enkonzweni athandaze iinwele zakhe zichetyiwe. Kwaye umfazi ocheba iinwele zakhe une... Indoda inelungelo eligqibeleleyo lokwahlukana naye. Ungumfazi ongenantlonipho. IBhayibhile itsho. Akanantlonipho kumyeni wakhe. Usenokungayazi loo nto. Nawuphi na umfazi oyakuthi anxibe iibhulukhwe ezimfutshane akanantlonipho. Usenokungayazi yena loo nto. Nkosazana, andizami kukukhathaza. Ndizama ukukusindisa edikeni lomlilo, isihogo! Guquka!

²¹² “Ke,” utsho, “Ndinawo uMoya oyiNgcwele.” Uze wenze ngolo hlobo? UThixo akhele ngaphakathi kuwe, kwalo Thixo wathi kuwe ungayenzi into enjalo?

²¹³ “Ke,” utsho, “Ndiye ndathetha ngeelwimi.” Ndakhe ndazibona iidemoni zithetha ngeelwimi. Ndakhe ndabona e-Afrika besela igazi ngeqokobhe lentloko yomntu, bathethe ngeelwimi, bathandaze kumtyholi. Ndakhe ndakwiinkampani zamagqwirha nabathakathi apho babethetha ngeelwimi baze bazitlike. Ndakhe ndabona iintsiba zokubhala ziphezu kwetafile zize zibhale ngolwimi olungaziwayo, ize indoda ifike itolike loo nto, kwaye yinyani. Ungandixeleli ngeelwimi. Sinento eninzi yazo ngoku. Ukanti ndiyakholwa ukuba uThixo unalo ulwimi olungaziwayo. Ndiyakholwa ukuba uThixo uyathetha ngeelwimi ezingaziwayo, kodwa musa ukuthembela kuloo nto! UPawulos wathi, “Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezeeNgelosi ndingenawo uMoya oyiNgcwele, andikabi yonto. Ndingafanelana ndinokususa iintaba...”

²¹⁴ Abantu abaninzi bazama ukuthi, “Owu, le yindoda ebalulekileyo yakwaThixo. Ukuba unokubona imimangaliso emikhulu.” Kuba, iidemon ziyaphilisa—iidemon ziyaphuma zenze izinto ezilolo hlobo. Ndiyazi ukuba amagqwirha ayaphuma enze izinto ezilolo hlobo, libe nefaskoti eliyijijeleyo kanjeya, baze bafake imali; athabathe iinwele ezisuka ngemva entloko kuye, azizamise egazini aligalele phakathi... Baze abantu be—abantu abanyanisekileyo— bayakholwa... Asinguloo mntu; ngabo bantu bekhohla ukuba basondela kuThixo ngelo gqwirha.

215 Akazange atsho uYesu ukuthi, “Baninzi abaya kuza kuM ngaloo mini bathi, ‘Ndandineemvuselelo ezinkulu zempiliso’”? Asingomqondiso lowo. Ngumqondiso wokuba sisekugqibeleni. Akazange atsho uYesu kuMateyu isahluko sama-24 malunga nevesi yama-24 kananjalo, 24:24... Waze Wathi, “Abaprofeti ababuxoki bayakuvela ngemihla yokugqibela benze imiqondiso emikhulu kangangokuba balahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Kodwa abaNyuliweyo bemi phezu kweLizwi! Bayazi ukuba uyintoni na umqondiso wenene.

216 Angathini umntu owenza izinto ezinjalo ophika ukhohlo kuThixo, athi ngumprofeti ovela eNkosini? Kungathini ehlabathini ukuba indoda... Isenokuba ngumprofeti, njengabo babenjalo phaya ezantsi ngemihla ka-Ahabhi, uYehoshafati, xa uMikaya waphakamayo. Kodwa babenomnye apho ezantsi owema phezu kweLizwi. U-Eliya... ILizwi leNkosi lalibhale ukuba u-Ahabhi uyakufikelwa sisiphelo sakhe, kwaye umbono ka-Eliya wawukunye naloo nto. Kwaye nayiphi na indoda— nayiphi na indoda ezibiza ngokuba ingumprofeti ngokomoya iyaqaphela ukuba lonke ilizwi lale Nto liyinyaniso.

217 Angathini ukuba ngumtriniti? Angathini ukubhaptiza eGameni looYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele aze athi uthanjiswe ngoMoya? Angathini ukufundisa abantu loo mposiso aze abe esathanjiswe ngoMoya? Ayinakwenzeka. Yinto engenakwenzeka.

218 Ndiyaqaphela ukuba oko akuyonto yaziwayo, kodwa asifuni kuba ngabaziwayo; kukunyaniseka okufunekayo kuwe.

219 Ngoku, u-Izebhele no-Ahabhi... Ewe, mhlekazi! Ngoba? Bayenzelani loo nto? Batheni aba bafazi ukuba bakwenze oko, bagcine iinwele zabo zingekho, baze baqabe imake-up, baze baphume banxibe iibhulukhwe ezimfutshane abe amadoda edlula kufutshane nezinto ezilolo hlobo. Abayeni babo benze loo nto? Ngokuba abanaye umprofeti wenene kumaqonga abo okushumayela ukuze abaxelele inyaniso. Babaxelela, “Kulungile, akukho mahluko apho. Ilungile loo nto. Awumelwe kwenza nto ngaloo nto”

220 Wena... Oko liLizwi leNkosi! IBhayibhile ithe nawuphi na umfazi oyakunxiba iimpahla elungiselelwe indoda ulisikizi phambi koThixo. UThixo akagugu-guquki. Angathini Yena ukuguqu-guquka aze abe nguThixo? Ungongenasisiphelo!

221 Baswele umprofeti wenene obaxelela ukuba loo nto ngumqondiso wesiphelo. IBhayibhile ithe bayakuyenza. U-Isaya isahluko se-5 uthe abafazi bayakwenza loo nto ngemihla yokugqibela. Ngokuchanekileyo! Ngoko nabo ke.

222 Kodwa bathi banomprofeti epulpitini. Uyaloyika iLizwi likaThixo, hayi... Woyika ibandla. Masithandaze kuThixo ukuba asithumele oko kuKhanya kwamva, ezo Zibane zangokuhlwa, asithumele lowo Wathembisa ngaye,

kwiBandla elinyuliweyo eliya kuchaza oko kuyinyaniso, lime kwiLizwi likaThixo. Bayeke ooJezebhele noo-Ahabhi . . . Ngoko liyakubahlula. Oko kuchanekileyo.

²²³ Khumbula, bathi abafazi bakuqalisa ukwenza ngolo hlobo . . . Ngoku buyela nje emva kwindawana xa bathi baqala ukucheba iinwele zabo nokwenza ngolo hlobo. Ekuqaleni kwabafazi ukuba benze kanjalo, kungelo xesha, ngeso sigaba sexesha, apho u-Eliya ngemihla yokugqibela ayakuvela nomqondiso wokuphela kwexesha—enomqondiso wokuphela kwexesha—njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe. 'Yabona? Umqondiso wexesha lesiphelo . . . Xa bathe abafazi baqala ukwenza njalo . . . Benza ngoloo hlobo ngoku. Kwaye kungelo xesha u-Elisha ayakuvela khona embulula ebiza, ekhalimela ekrazula (kunjalo!), enomqondiso kaThixo omngqinelayo, ebheka phambili. Akazi kubiza qela likhulu ngoku. IBhayibhile ithe, "Musani ukoyika, *mhlambi mncinane*, kukuthanda kukaYihlo ukukunika uBukumkani." 'Yabona? Injalo loo nto! Injalo ngokuchanekileyo.

²²⁴ Umelwe kukuba aliwe ngabo bonke ngaphandle komhlambi omncinane, ngokuba ufana no-Eliya kunye namakhulu asixhenxe kunye noYohane nomhlambi wakhe omncinane. Ewe!

²²⁵ Uyabona ukuba simi phi na namhlanje? Simelwe kukubuyela emva kwiPentekoste yasekuqalekeni. Simelwe kukubuyela emva kwizinto zikaThixo. Simelwe kukubuyela emva. Mzalwana, dade, ungakhe uqhathwe kumava akho.

²²⁶ Si—Silindele elo lixa. Ungakhe uthabathe nje u"Ndiyathemba ukuba kunjalo, ndiyakholwa; ngokholo ndiyawamnkela." Ungakhe uyenze loo nto! Hlangana noThixo ubuso ngobuso, uze uzaliswe ngoMoya, uze ukhangele ke ukuba kwenzeka ntoni na. Kwaye ukuba loo moya ungaphakathi kuwe uchasene neli Lizwi, ngoko wuyeke loo moya. Hamba uye kufumana . . . Thandaza ukuba uThixo akunike uMoya oyakuthi . . .

²²⁷ Xa lo Moya uyakuthi uele ngemihla yokugqibela, uyakuba sisiyalo ngokuchasene nabo—nabo bangabobuxoki ('yabona?'), ngokuba uYohane wathi, "Musani ukucinga nithi ngaphakathi kwenu thina si—thina sino-Abraham ubawo wethu . . . Sine . . . Singaba . . . Oobawo bethu yayingamaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, okanye abenkonzo kaMoya. Musani ukucinga ukuba nine—ningabantwana baka-Abraham, kuba uThixo unako ukumvelisela abantwana kula matye u-Abraham." Musani ukucinga ukuba ngokuba ningabakwaMoya niyakuba ngabanokuxolelwa. Hayi konke konke! UThixo unako ukumvelisela kula matye abantwana u-Abraham. Loo nto ichaneke kanye! Ewe, mhlekazi!

²²⁸ Thethani nje iLizwi likaThixo ngobunyaniso bomhla wokugqibela. Isiprofeto singu . . . Ukuba u . . .

229 Mandibuyele nje emva apha okomzuzu, mandikubonise indlela esinokufumanisa ngayo. Ndinazo—inqwaba yeZibhalo ezibhalwe phantse apha, bendibhekiselela nje kuzo. Ndifuna ukukufundela sibe sinye esiphuma... Masi... Okokuqala, masithathe—masithathe iDuteronomi isahluko se-18 size sifumanise nje emzuzwini, nje ukuze—ukuze phambi kokuba sivale apha, ukuze ndibe nokunifundela esi Sibhalo. KwiDuteronomi isahluko se-18 (kulungile), masibone ke ngoku, ivesi yama-20 isahluko se-18. IDuteronomi 20...

Kodwa umprofeti, yena othe wakhukhukumala wathetha ilizwi egameni lam, endingamwiselanga mthetho ukuba alithethe, nothe wathetha egameni lathixo bambi... (Isininzi)... loo mprofeti makafe. (Injalo loo nto! Kuphelile ngaye kokomoya. "Umphefumlo owonayo, kuyakufa wona." SinoThixo omnye, hayi oothixo.)

Xa ke uthe entliziyweni yakho, Sothini na ukulazi ilizwi a—angalithethanga uYEHOVA? ("Siyakwazi njani? Bayakuba baninzi kakhulu, siyakwazi njani? Lo uthetha okuya omnye athethe oku, njengo... Omnye uthetha oku, aze omnye athethe okuya, njalo-njalo." Ngoku, khangela. Siyazi.)

Ilizwi athe walithetha umprofeti egameni likaYEHOVA, alabakho, alehla, lelo lizwi angalithethanga uYEHOVA, uthethe ngokukhukhuma umprofeti lowo: uze unganxunguphaliswa nguye.

230 Ukuba uThixo akayithethanga loo nto, ngoko musani ukoyikiswa yiyo; ku—kulungile; qhubani nje nilibale ngaloo nto. 'Yabona?

231 Ngoku, khangela kwinto esiyivayo namhlanje. UMgaqo wabapostile, umgaqo wamaWisile, umgaqo wabaBhaptizi, umgaqo wamaPentekoste, umgaqo... Umgaqo, umgaqo, yintoni umgaqo? Niwufumana phi? Ndimema nabani na ukuba andibonise uMgaqo wabaPostile eBhayibhileni. Ndiyakholwa... Akukho nto injalo. Ukuba abapostile babe nomgaqo abakhe babambelela kuwo, nguwo lo: "Guqukani nonke ngabanye nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, naye niyakwamnkela isipho soMoya oyiNgcwele; kuba idinga likuni." Ungaphoswa kukubona apho sikhoyo, sihlobo? Sikwimeko embi kakhulu. Yintoni na leyo? *Umqondiso Wenene Onganakuwanga.*

232 Ngoku, ningamadoda nabafazi, uninzi lwenu, kwaye ningabantwana bakaThixo. Musani ukungawunaki. Khumbula, ukuba simelwe kukuba sibe nazo ezi zinto. Zimelwe kukuba zenzeke ngalo mhla, ngeli lixa siphila kulo ngoku. Lilo eli ilixa kanye nje phambi koKuza kukaMesiya. Kumelwe kukuba kubekho isibhengezo esivelayo siphuma

kuThixo. Mandinifundele loo nto. Masibuyele emva kuMalaki. Yeyokugqibela yeTestamente eNdala. Kwaye phulaphula koko Akuthethayo kuMalaki i...Ngoko si... Phulaphula koku okomzuzwana nje. Ngoku, ukuba uyaqaphela kuMalaki 3 uthetha njengokuba uYesu wathethayo ngokuza kukaYohane...

Yabonani, Ndiyakuthuma umthunywa wam, agece indlela phambi kwam: iyakuza ke, ngesiqophe iNkosi, leyo niyifunayo, etempileni yayo, kwa umthunywa womnqophiso enimlangazelelayo: yabona, uyeza, utsho uYHOVA wemikhosi.

²³³ YayinguYohane lowo evakalisa ukuza kukaYesu, kwaye Weza etempileni ngokuchanekileyo njengokuba Watshoyo, uMthunywa womnqophiso, iNgelosi eyayino—entlango ino—kunye nabafundi—okanye ikunye noSirayeli. Niyakholwa ukuba WayenguMthunywa? Kuba, Wathi, “Ndaphuma kuThixo, Ndibuyela kwakuThixo.”

²³⁴ Ngoku, kwakutheni ukuze uPawulos anikwe isifo ukuba simntlithe. Emva kokuba uYesu wayefile, wangcwatywa, wavuka kwakhona, emva kwexesha elide, uPawulos wahlangana naYe ubuso ngobuso kwindlela eya eDamasko. Wathi, “Ndaphuma kuThixo ndaze ndabuyela kuThixo.” UPawulos wakhangela phezulu; kwakukho ukuKhanya okukhulu apho, kwalaa Ntsika yoMlilo inye. Uyazi ukuba ndithetha ntoni na? Kwalaa Ntsika yoMlilo...Kwaye uPawulos wayethetha naYe, waze Waphendula kuPawulos. Abantu abazange baMve. Abazange bamve Yena, kodwa uPawulos waMva.

Wathi, “Sawule, Sawule, uNditshutshiselani ni na?”

Wathi, “Ungubani na, Nkosi?”

²³⁵ Wathi, “NdinguYesu. Ngoku vuka uhambe ngesitrato esibizwa ngokuba sesithe Tye; uyakuxelelwa apho ukubheka phambili. Ndinomprofeti onyukayo apho ezakukuxelela omawukwenze, uyabona, indlela o...”

²³⁶ UPawulos...Wehla, wabhaptizwa, wathandaza eNkosini, wamnkela uMoya oyiNgcwele, waze uPawulos wathi, “Ndibe noviko enyameni endalunikwayo, umtyholi, isithunywa somtyholi esindintlithileyo.” Oko kufana nokubethwa emva kokubethwa. Wayesiba ngcono, ize loo nto imbethe kwakhona. Wathi, “Ndiye ndayithandaza iNkosi kathathu ukuba isisuse kum, kodwa iNkosi yathi, ‘Pawulos, ubabalo lwaM lukwanele.’” Waze wathi, “Ukuze ndingaziphakamisi ngaphezu kwaloo mfumba yesityhilelo...” Wayenesityhilelo esithe chatha kunesikaPetros, uYakobi, uYohane, okanye nabani na kubo. WaMbona emva kokuba Wayesele emnkile isithuba mhlawumbi seminyaka emibini okanye ngaphezulu, emi ekwiNtsika yoMlilo ethetha naYe. Kokungaphezulu kangakanani namhlanje,

kumawaka amabini eminyaka, kwaye nangoku Usaphila. Amen!

²³⁷ Wathi, “Ndanikwa, ukuze ndingabi nakuziphakamisa ngokungaphezulu, wathi ‘Ngoku, mzalwana, ndingaphezu kwenu nonke. ’Yabona, ndi—ndiMbone emva kokuba Wavuswayo kwabafileyo, ndaze ndathetha naYe; ndim...’ Ukuze ke ndingabi nakuziphakamisa ngokungaphezulu apho, ndanikwa into ethile eyakundigcina ndithobekile.” Ewe!

²³⁸ Yayinguye owabaxelela ukuba babhaptizwe kwakhona eGameni likaYesu. Wathi, “Nokuba iNgelosi ivela eZulwini. . .”

²³⁹ Wathi, “Andizange ndiye kwizikolo zabo naphi na apho babekhona.” Wathi, “Andinyukanga ndiye eYerusalem kwangoko, kungekho kwisithuba seshumi elinesine leminyaka.” Wathi, “Ndehla ndaya eYiphutha, ndehla ndaya kungena e-Asiya ezantsi phaya.” Ndafuna ubuso beNkosi, ndilapho ezantsi isithuba esimalunga neminyaka emithathu ndifunda iTestamente eNdala, ndayibona ukuba ithelekiseka nantoni na yonke. Wathi ukubuya kwakhe emva kweshumi elinesine leminyaka, wahlangana noPetros kunye nabanye, babe benaloo Vangeli inye, bebhaptiza ngendlela enye, besenza kwa into enye. Amen! Wazi ukuba yayiyinyaniso. Ewe, mhlekazi!

²⁴⁰ Phulaphula kuMalaki ngoku, ngapha kweli cala, kuMalaki 3. Ngoku, ukuba ndinganako, mandicacise nje lento kuni. Ndiyakholwa. . . Masityhile ngokukhawuleza kakhulu ngoku kuMateyu isahluko se-11 sibone ukuba ndi. . . ndisenokuba ndiyiphosile loo ndawo. Ndiyacinga ukuba ndiyifumene; kusengafuneka ndiyikhangele kuqala ukuze ndiyibone. UMateyu 11. . . masibone. . . siqale e. . .

Kwathi, xeshikweni uYesu ebegqibile ukubamisela abafundi baKhe abalishumi elinababini, wesuka apho waya kufundisa nokushumayela emizini yabo.

Ke kaloku uYohane. . . eyive esentolongweni imisebenzi kaKristu, waye—esentolongweni imisebenzi kaKristu, wesusa babini kubafundi bakhe,

Wathi kuye, Wena ungulowo uzayo na, silinde wumbi kusini na? (Amehlo okhozi kaYohane ayefiphele apho ezantsi entolongweni. ’Yabona?’)

Waphendula uYesu, wathi kubo, Hambani. . . niye kumbikela uYohane izinto eni—eni. . . zivayo nenizibonayo: (UYohane wayengumprofeti, kwaye ukuba—ukuba angayiva lento kuqhubeka yona, uyakuNdazi ukuba ndinguBani na. ’Yabona? Wathi. . .)

Iimfama zibuye zibone, . . . neziqhwalala ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, . . . izithulu ziyeva, abafileyo bayavuswa. . . (“Namahlelo onke amanyene.” Ayithethi njalo itsho? Hayi, ayitsho.

Ithe...))... *iziqhwala ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, ... izithulu ziyeva, nabafileyo bayavuswa, namahlwempu ayazishunyayezwa iindaba ezilungileyo.* (Nanko umqondiso. Khangela!)

Bakubon'ukuba bayemnka . . .

Unoyolo, othe aka...khutyekiswa ndim. (Ngoku, khangela!) *Unoyolo othe aka...khutyekiswa ndim.* (Ngamanye amazwi, okanye “akabi nazintloni ngaM. Unoyolo othe akabi nazintloni ngaM.” ’Yabona?)

. . . bayemnka abo, waqala uYesu wathi kwizihlewele ngaye uYohane, Naye niphuma nisiya kubona ntoni na entlango? . . . (Khangela lo mprofeti ngoku) . . . naye niphuma nisiya kubona ntoni na entlango? Yabe iyingcongolo na izanyazanyiswa ngumoya? . . . (Hayi uYohane. Owu, hayi! “Nzalandini yeenyoka engceni,” watsho kwiimvaba zamahlelo, “ngubani oniyalileyo ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo? Ningaqalisi ukuthi, ‘Singaba le nto naleya,’ kuba uThixo unako ukumvelisela kula matye abantwana . . .” Owu mzalwana, yayingeyongcongolo izanyazanyiswa ngumoya kuye.) . . . Ingcongolo na izanyazanyiswa ngumoya?

Naye niphuma nisiya kubona ntoni na kodwa? Yabe ingumntu ovethe iingubo ezitofotofo na? . . . (Omelwe kukutshintsha impahla yakhe kabini mhlawumbi kathathu ngeli thuba ashumayelayo) . . . yabonani, abo bambatha— ezitofotofo baba sezindlwini zookumkani bona. (Bangabalungiseleli abaphuma bancamise iintsana, uyazi, ba—batshatise abatsha, baze—baze baye esikolweni benze iintetho zobungqondi, kwaye uyazi, zonke ezi zinto zincinane zobusisi. ’Yabona, ’yabona? Akaphekuzi ngekrele elintlangothi-mbini apha phandle phambili edabini.)

(“Naniphuma nisiya kubona ntoni? Umfo othile onjalo?” Intoni—Wayebabuza.) Naye niphuma . . . kubona ntoni na kodwa? Yabe ingumprofeti na? . . . (Phulaphula!) . . . ewe, yaye Ndithi kuni, node wagqithisa kumprofeti. (Ewe, mhlekazi! Wayeyintoni? Wathi, “Wayegqithisile kumprofeti?” Wayengumprofeti ongezelelwe. Wayengumthunywa weso sigaba sexesha.)

Naye niphuma . . . nisiya kubona ntoni na kodwa? Yabe ingumprofeti na? ewe, Ndithi kuni, node wagqithisa kumprofeti.

Kuba lo ngulowo, . . . ngulowo kubhaliweyo ngaye kwathiwa, Yabona, mna ndiyasithuma isithunywa sam phambi kobuso baM, esiya . . . kuyilungisa indlela phambi kwaM.

Ngoku, khangela ngapha kuMalaki 3: “Yabona, Ndiyakuthuma umthunywa waM phambi kobuso baM. . .”

²⁴¹ Khangela! Ngoku uMalaki 4, mandifunde yena. Uzakubuya kwakhona.

. . . yabonani, iyeza imini, evutha njengeziko; yaye bonke abakhukhumali, ewe, . . .

²⁴² Kunamhlanje ke ngoko. Ndihla ngesitrato ndibone aba bantu. Ungathetha nabo, kwaye bayakuhleka, bahlekise ngawe. Ndicinge, “Kuyintoni?” Kwaye ngenye imini ndandisihla ecaleni kwendawo etyalwe ingca apha ezantsi; ndandithetha nabantu abathile, baze basuka nje bathi, “Who. . .” Bahamba babheka phambili. Kwakho nje into ethi kum, “Basisisulu sesiqhushumbisi i-atom, kwakamsinya ithuthu liyakube lithe saa phezu komhlaba. Bayeke. Uyithethile engangawe. Zilungiselele uphume apha.” Haleluya! Ngendingayithethanga loo nto ndiyaqonda. “Zilungiselele. Bhinqisa isinqe sakho; ndiyakubiza.” Naso isizathu sokuba ndibe ndilindile.

Ngokuba, yabonani, iyeza imini, evutha njengeziko; bonke abakhukhumali, . . . nabenzi bonke bokungendawo, bayakuba ziindiza: . . . (Yiloo nto kanye ekuya kuba yiyo. Kwenzeka ntoni xa omkhulu, kuni balimi, xa umlilo omkhulu uhlangana nentsimi yengqolowa xa seyizindiza nje? Uyilalisa nje tyaba ibe luthuthu ngasemva. Nantso into eyakwenzeka xa oko—oko kuthe kwehla.) . . . imini . . . iyeza, eyakubalenya utsho uYEHOVA wemikhosi, ingabashiyeli ngcambu nasebe. (Akukho nto bayakushiyekelwa yiyo.)

Ke kuni nina baloyikayo igama lam iLanga lobulungisa liyakuphuma linophiliso emaphikweni alo; . . . niyakuphuma, nidlobe njengamankonyana asesitalini. (YiMillennium leyo.)

Nibaxovule abangendawo; ngokuba bayakuba luthuthu phantsi kwentende zeenyawo zenu ngemini endikwenzayo oku; utsho uYEHOVA wemikhosi. (Siphuma kwiMillennium . . . Uthuthu lwabangendawo.)

Khumbulani . . . umyalelo kaMoses umkhonzi wam, endamyalela . . . wona eHorebhe ngokusingisele kumaSirayeli onke, imimiselo namasiko.

(Ngoku phulaphula, uphulaphulisise ngoku.) Yabonani, ndiyakuthumela kuni u-Eliya umprofeti, ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYEHOVA:

²⁴³ Ngoku, lowo yayingenakuba nguYohane. Yayingekhe, ngokuba ihlabathi ngelatshatyalaliswa ngoko. Kodwa apha Uthe kuMateyu 3, Uthumela umthunywa phambi kwaKhe. Kwaye uYesu wathi, “Lowo ngu-Eliya owayekuza kuza kulungisa

indlela phambi kwaM. Kodwa phambi kokuba isiqhushumbisi se-atom sibethe, ndiyakuthumela kuni u-Eliya umprofeti.”

Wobuyisela iintliziyi zooyise kubantwana, neentliziyi zabantwana kooyise, hleze ndize ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa.

²⁴⁴ Kuprofitiwe ngaloo mhla...Ngoku, uthi, “Owu, laa... Eliya, wayezakuba nguYohane.” UMthunywa womnqophiso yayinguYohane, ngenene; loo nto ichanekile kanye. UYesu watsho waze wayingqina loo nto kanye apha. “Nguye lo bendithetha ngaye.” Kodwa uyayibona eyokuba wayengenakuba ngu-Eliya owayezakuza (‘yabona?’); yayingenakuba nguye. Ngokuba, uyabona, ukuba yayinguwe, ngoko isiprofeto sasiphosakele; ihlabathi alizange litshatyalaliswe kudala apho. ‘Yabona?’ “Kodwa phambi kwemini enkulu eyoyikekayo yeNkosi ukuba ifike, Ndiyakuthumela kuni u-Eliya. Yena uyakubuyisela (khangela ukuza kwaKhe kokuqala) iintliziyi zooyise kubantwana (loo nto yinto Awayenza kuqala, wezisa umyalezo wesigaba sexesha esitsha, ukuza kukaKristu ngoku, etsala abenkolo yakudala oobawo ebasusa kolo kholo lwakudala, ebangenisa kukhohlo olwalusandula kuvela. Ngoko ngexesha lokuza kwaKhe kwesibini...) kwaye iintliziyi zabantwana zibuyela kooyise ngePentekoste, umyalezo wakuqala.”

²⁴⁵ Ngoku, yiza ngapha kwiSityihilelo 3 uze uyifumane kanye apha kwakhona. Ngoko iprofitiwe. Sikwixesha lesiphelo, mzalwana wam, injalo loo nto.

²⁴⁶ Njengamakhulu amane abaprofeti echasene noMikaya, bathi...Si—Sikumhla wokugqibela, siyayazi loo nto. Abaprofeti bobuxoki babonakalisa umqondiso wobuxoki, ukujoyina amahlelo eemvaba. Bathi, “Yizani nijoyine. Masihlangane. Yizani nijoyine ibandla lethu. Yizani nobulungu benu. Sivulile ngale ntsasa ukuze nibe nokuguqula ubulungu benu ukusuka kwelinye ibandla ukuza kweli.” Owu, yimfeketho! Bukunceda ngantoni ubulungu bakho? Ukuba awunalifa eZulwini; libala ngaloo nto.

²⁴⁷ Abaprofeti bobuxoki baya kubonakalisa imiqondiso yobuxoki. Kodwa khangela, abaprofeti benene, bayakuhlala kunye neLizwi likaThixo. Imiqondiso yenene iyakuvelisa iLizwi leNyaniso likaThixo kwiBandla lenyaniso. Kwaye iBandla lenyaniso liyakwamnkela iLizwi livuye ngaLo. Xa umhlambi omncinane uyakuthi ulinikwe ngemihla yokugqibela, oyakuba yintsalela yabeNtlanga eyakudluliselwa... .

²⁴⁸ Xa uYesu wezayo kwakungekho—kwakungekho ngaphezu kwabambalwa apho abakhohwayo. Iqela elincinane likaYohane lilo elakhohwayo. UYesu wabathabatha ukusukela apho ukubheka phambili, wenza abafundi ngabo wabheka phambili.

²⁴⁹ Ngethuba u-Eliya...Ekufikeni kwentshabalalo... Ngethuba lokufika kwexesha likaNowa, nguye

owayengumqondiso; waze wangenisa abantu emkhombeni. Xa wezayo u-Eliya, watsala abantu ebakhupha kwindideko ababekuyo. Ekuzeni kukaYohane...Bonke abaprofeti babeyimiqondiso, imiqondiso, imiqondiso, imiqondiso. Kwaye Wasithembisa umqondiso ngomhla wokugqibela, ngemihla yokugqibela kuyakubakho umqondiso. Ngumqondiso ongaqatshelwanga. Abantu abawuboni. Bahamba nje bedlula phezu kwawo bawuyeke udlule. Mzalwana, dade, musa ukujoyina inkonzo. Mandithethe lento ekuvaleni ngoku.

²⁵⁰ Ukuba nje ukhe wanamava emihlali ethile, ukuvakalelwa okuthile, musa ukuxhomekeka kuloo nto! Musani ukuyenza loo nto, bantu bathandekayo. Ni...Ndithetha nabantu... Ndiyabava bebhakaza oomatshini bokushicilela amazwi phaya emva kanye ngoko. Ndithetha ngoku kwibandla. 'Yabona?

²⁵¹ Phulaphula, ungakhe...(ndithetha ezininzi zezi zinto ngamanye amaxesha ukwenzela ukuba abantu abakumhlaba ophaya ngaphesheya...) Hlala kunye noThixo, khangela owakho umqondiso wenene. Uyakuwubona. Uyakuba kufutshane kuwe. Kodwa izigidi ziyakuhamba kanye zidlula kuwo zingawuboni. Xa uYesu wezayo, babengaMazi. Abazange bamqaphele u-Eliya. Uyazi ukuba bathini ekunyukeni kuka-Eliya? Babengakhulwa kuloo mfeketho. Bathi, "Yimfeketho leyo." Abantwana benyuka apho kweso sixeko sabo kanye apho wayehlala khona—apho wayehlala khona, eshumayela khona, wenza imiqondiso nezimanga kanye apho kwelo lizwe, xa bathi—kwavela isilumkiso, "Asimfumani u-Eliya, iNkosi imnyuse ngesaqhwithe." Bayihleka into enjalo.

²⁵² Naku kusiza u-Eliya—Elisha ekwanaloo miqondiso phezu kwakhe, engumzekelo kaKristu kunye neBandla laKhe. Naku kunyuka u-Eliya, kwaloo...Elisha, laa miqondiso minye ebenayo u-Eliya, isihla isiza kwenza kanye yona. Nkqu nabantwana abancinane baphuma bamlandela, besithi, "Nkqayi ndini endala, kutheni unganyukanga njengo-Eliya nje?" 'Yabona ukuba kwenzeka ntoni kwabo bantwana bangenantlonipho? Namhlanje bayahleka bahlekise. Musa ukukhathazeka, mzalwana, umgwebo ujinga esibhaka-bhakeni khona ngoku, ubhalwe ebusweni bayo yonke...(. . .)Injalo loo nto! Umgwebo ujinga esibhaka-bhakeni. Yonke ingqumbo kaThixo Onamandla onke... [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]

²⁵³ ...Abadela abo balungileyo, benokumila kokuhlonela uThixo koko bewakhanyela amandla ako; kwabo ke khwebuka.

²⁵⁴ Musa ukuthabatha imvakalelo. Musa ukuthabatha imihlali. Musa ukuthabatha nantoni na ude ube uhlangene noThixo ubuso ngobuso, ukuze uvumele uMoya kaThixo ungene ngaphakathi kuwe. Uyakuyizalisa intliziyo yakho nomphfumlo wakho ngamandla, uthando, nokuvutha.

255 Thixo, ndincede ukuba ndifumane indawo yam phaya ngaphesheya ndaweni ithile kwiintsuku ezimbalwa ezizayo, kwaye kusele nje ukuba ndibone ukuba ndingahambela phi na ngokulandelayo.

256 Silinde ithuba elide kakhulu. Ndilinde ithuba elide. Ndikhumbula ndicheba ingca kwiyadi yam engasemva phaya. Xa ndandisakha le ndlu ilapha, iNkosi yandibiza. Inkosikazi yam yalila ngokuba yayingafuni ukushiya umama wayo. Yathi, “Mhlawumbi phaya—akukho mntu uyakumkhathalela.” Ndacinga, “Ndinomama owalupheleyo okwam.”

257 Ndandihleli phaya ezantsi ngenye imini ndicheba ingca. Ndahlala phantsi; iZwi elicace kangako leza lathi, “Zahlule, ukuze Ndikusikelele”

Ndathi, “Nkosi Thixo, ndenze ndonwabe apha, Uyabona ukuba yintoni na endimelene nayo.”

258 Zonke ezo zinto ziphelile ngoku. Umama uBroy usebuqaqawulini, umama uBranham ngokunjalo. Yiyiphi indawo endiyakuhambela kuyo mna, Nkosi?

259 Umgwebo uzakulintlitha eli lizwe ngenye yezi mini. Zikho ezinye izizwe ezingayivanga iVangeli. Kukho iindawo . . .

260 Nokuba nenza ntoni na ningawalibali amazwi am. Ningakhe nivumele oku kuzike. . . UThixo, athathe usiba lwentsimbi aze akrole oku ezintliziyweni zenu ukuze ningabi nakuwulibala. Ningakhe nikulibale, ITSHO INKOSI, buyelani kuThixo ngentliziyo yenu yonke; buyani! Musani ukuthembela kwimihlali, ukuziva, okanye nantoni na; funani uThixo ngako konke okukuni kude kubekho into eyenzekayo kuwe ukuze ufune ukulunga ungqale, ufune ukuba ngowakwaThixo, umoyike uThixo, u—ufune ukuphila ngendlela eyiyo! Yenza loo nto! Ungakhe uyilibale, ngokuba sisekupheleni kwexesha.

261 Ngoku khumbulani, sisekupheleni kwexesha. Kwaye khumbula oku njengokuba ndivala ukuba kuthandaza emzuzwini. Ningakhe nilibale! Ndiveni, Mnquba! Kwaye ukuba eli khasethi lisaqhubeka, ndiveni, hlabathi, apho liyakuya khona, kuyakuvela umqondiso wenene. Mhlawumbi sele uvelile, wabe ungaqatshelwa. Umqondiso wenene athe uThixo wahlala enikisa ngawo onganakwanga. . . Masithandaze.

262 Yesu waseNazareth, njengokuba iZwi elikhulu lathethayo phaya ngaphesheya kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo ndimi phaya ngasecaleni—njengokuba ndandinqumla esaa sigodo ndijikela ngaphaya komthi, waze laa Moya wehla unqumla ezo ncopho zomthi wathi, “UYesu weTestamente eNtsha nguYehova weNdala!” . . . Owu Thixo, ndimi phezu kweli Liwa, yonke eminye imihlaba iyintlabathi ezikayo, yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

263 Kule minyaka yam ingamashumi amathathu, Nkosi, ndiye ndakhwaza kuwo wonke lo mfula. Laa Myalezo, andisukanga nange-intshi, ukusuka apho ndaqala khona, unguMyalezo omnye nje, uyinto enye, ndibuyisa abantu, ndingabazisi kuvakalelweni, kodwa ndibasa kumava okuhlangana noThixo nawokuzalwa ngoMoya waKhe. Owu, akukho nto iyakube ishiyekile ingenguwo umgwebo. Kwabo bawalayo loo Myalezo, Nkosi, akukho nto iseleyo!

264 Ulizalisekisile iLizwi laKho lokuqondakalisa imiqondiso yomhla wokugqibela nokuqondakalalisa ukuba ngokungenakusilela Wena unguThixo nokuba silapha ke. Nkqu naxa siva abavangeli abaphambili kweli lizwe namhlanje bekhwaza bonke, nedolophu eyintloko yesizwe sethu, nezinye izizwe zinyula, no—nokoyika kusiwa, naxa siva la madoda abalulekileyo, konke ukuya kungena eFrance echaza kwangaphambili ukuba isiqhushumbisi sokuqala siyakuwa eLouisville, eKentucky...ngamakhulu eemayile silitshayele ilizwe. Owu Thixo, bebenethuba lokuva, kodwa abavumanga.

265 Amaphepha-ndaba, imihlathi yeenkonzo, umabonwakude, unomathotholo ube yithwele loo nto. Akukho kuzithethelela. Ngoko, Nkosi, Wena uthe, “Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza, kwaye akukho mntu unokuza engathanga uBawo amtsale kuqala.”

266 Ngoku, Bawo, ndizithandazela lo mthandazo. Ndim lo ndisaluphala ngoku, kwaye andazi ukuba zingaphi na iintsuku esinazo eziseleyo, Nkosi. Sisenokuba asisenazo namhlanje. Kodwa nokuba yintoni na eseleyo, Nkosi, noko kuseleyo ebomini bam, Owu Thixo, awunakuthi Wena ubuthabathe wenze okuthile ngako usenzela uzuko lwaKho.

267 Ndiyazithandazela kuqala, Nkosi, ukuba Undiphe intando yaKho. Mayenziwe intando yakho, Nkosi, nokuba iyintoni na. Ndifuna ukuba kutshiwo ngaloo mini xa ndiya kuhlangana naWe, “Wenze kakuhle.” Nokuba kokukhulu okanye okuncinane, nokuba kuyintoni na kwintliziyo yaKho enkulu ngobomi baM, Nkosi, ndim lo.

268 Thumela iNgelosi nelahle lomlilo icoce imilebe yam indingwalise, Nkosi, ukwenzela i—ukwenzela into enkulu ethile elungiselela ukuntlitha ihlabathi. Masibe lilizwi likhwaza entlango ngenxa yesono, “Lungiselelani ukuhlangana noThixo.”

269 Eli bandla lincinane, aba bantu beza umhla nezolo beqhuba amakhulu eemayile, Owu wena onguNaphakade nonothando ongalibali senzo, Thixo ka-Abraham, u-Isake, noYakobi, Wena wamvusayo uYesu kwabafuleyo, abe ngoku ehleli ngasekunene koBungangamsha phezulu, Thixo ohleli ngaphakathi kwinyama, sikelela aba bantu aba ndibasikelela eGameni laKho. Banga bangahlala bekhumbula bazi ukuba kukho umqondiso, umqondiso wesiphelo. Ndiyathandaza

ukuba Ubaphe ubenze babe ngabazuza abanye—emsebenzini wabo, nokuba kuphi na apho bakhoyo, kwiimbombo zesitrato, kumaziko okutha amafutha, okanye nokuba kuphi na—ukuze bangqine kwiivenkile ezithengisa ukudla, nakwindoda ezisa ubisi. Nokuba kuyintoni na, Nkosi, ukuba kukho into ethile esisiyalo entliziyweni yabo, banga bangalingqina. Banga bangaphila obunjalo ukuba nobuthixo nobungcwalisekileyo ubomi ngokokude babe ziincwadi ezibhaliweyo ezifundwa ngabantu bonke.

²⁷⁰ Thixo, sikelela abafazi bethu. Owu Thixo, ndiyathandaza ukuba Ubenze bahlambe ubuso babo, abo bangenzi njalo, bathabathe—laa nto yokuqaba ubuso ka-Izebhele isuke. Mababe nokufaneleka koBukristu kunye noMoya kaThixo phezu kwabo ngokokude bazi ukuba abamelwe kunxiba ezo mpahla zingcolileyo bazinxibayo, bakhulise iinwele zabo ngokwamanenekazi; ngokuba kubhaliwe eBhayibhileni, “Liyathandeka emehlweni weNkosi elo sebe lincinane liyakuphepha yonke loo nto iza ngemihla yokugqibela. Liyakuba lelisikelekileyo phambi koThixo!” Njengokuba umprofeti wakuxela kwangaphambili oko. Thixo siphe!

²⁷¹ Akusekho nto iyenye ndinokuyenza. Ndiye ndakhwaza ngezwi lam unyaka, Nkosi; kwaye ngaphandle kokuba Wena wenze ngoku, akukho nto ndinokuyenza. Ndiyathandaza ukuba—ukuba wenze ngokwaKho. Kwaye ndiyazi Uyakwenza, ngokuba Wathembisa eLizwini laKho, kwaye nako apho ndimi khona. Ndinokungqinela kuphela, Nkosi, kwaye akukho mntu unokuza ungathanga Wena umtsale; kwaye bonke anikise ngabo uBawo bayakuza. Ndinaso eso siqiniseko sokuba iLizwi laKho liyakuhoiwa.

²⁷² Sisikelele, Nkosi. Ukuze ukuba kukho abo apha baxhomekeke kuphela ekuziveni... Mhlawumbi baye bakhwaza. Bathe... Mhlawumbi banawo uMoya oyiNgcwele. Okanye... Asinakuyibala loo nto, Nkosi, ngokuba sibanonile abantu kwimidlalo yebhola bekhwaza. Sibanonile abantu kwiindawo zokuzonwabisa zehlabathi bekhwaza. Sibanonile abantu besonwaba ngokokude bakhale bakhwaze emgangathweni bedanisa nazo zonke ezo zinto. AsinguWe lowo, Thixo. Kodwa ukuhlangana naWe, nokuthetha naWe, naWe uphendula, nantso into esiyifunayo.

²⁷³ Owu, ndiyaKuthandaza, Thixo, ngawo kanye lo mzuzu ukuba Uthumele loo Moya uyiNgcwele kweli gumbi, kule ndawo incinane ithobekileyo. Akukho ndawo ifanelekileyo kuYe yokuba eze. Kodwa ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngendlela eyeyaKho, ukuba UMthumele ehle kanye angene kweli gumbi, ahlabekise imiphefumlo.

²⁷⁴ Njengokuba benditshilo emzuzwini odlulileyo, Nkosi, mhlawumbi ndibeke izikhubekiso endleleni yomntu othile

malunga noku kubizela eziguqweni, kucengwe kunyanzelwe abantu ukuba benyuke ukuze xa sibuyayo kunyaka ozayo sibafumane bengabantwana besihogo ngokuphindwe kabini kunoko bebenjalo ekuqaleni kwethu. Bangathini ukuza ngaphandle kokuba Ubenze bahlabeke, uMoya oyiNgcwele omkhulu.

²⁷⁵ Kwaye ndiyaKuthandaza, Nkosi Thixo, ukuba ukuba indoda nokuba ngumfazi, inkwenkwe okanye intombazana ingaphakathi kwesi sakhiwo ngale ntsasa, ukuba uMoya oyiNgcwele wanga ungeza nangako amandla okuchukumisa ngokokude iinyembezi zihle ngezidlele zabo zichaphazele emphefumlweni wabo, Nkosi, ukuze ngokuvela ebunzulwini bentliziyo yabo babe nokukholwa bamnkele uKristu. Sipheloko, Nkosi! Abasayi kuswela siguqo. Umphefumlo wabo uyakuba sisiguqo sabo. Sipheloko, Nkosi! Ukuze babuye ngentliziyo ezeleyo beze kuWe, bathi, “Ngoku ndifuna ukubhaptizwa eGameni likaYesu Kristu ukuze ndixolelwe endiguquke kuzo.” Sipheloko, Nkosi. Bazalise ngoMoya oyiNgcwele.

²⁷⁶ Siphelabavangeli ehlabathini namhlanje, ingengabo abo banyanzelayo, batsale, benze abantwana beemvana zobuhlelo. Thixo Zivelisele abantwana. Yiba nabantu, Nkosi, abaya kuthandaza. Ndicinga ngendlu kaKorneli. Ayizange loo nto yenzeke kwiNtlanga ngaphambili, kodwa babezila bethandaza. Yaze yathi laa ndoda yakwaThixo, laa mprofeti, emi apho, wathi esathetha la mazwi, uMoya oyiNgcwele wabawela abo babeliva iLizwi. Thixo sipheloko olo hlobo lwenkonzo.

²⁷⁷ Wathi esawathetha la mazwi uPetros...Owu Thixo, babesele belungile. Babezila; babelindile; babenyanisekile. Babengalindanga nje...Babelinde de...Abo bapostile babelinde ade uThixo ehle phakathi kwabo, kwaye babenokuMbona bathethe naYe. Baphuma beneentliziyo ezalitshisa ihlabathi la. Babenobuganga baze bema phakathi kweendawo ezazinokuthetha ukunqunyulwa intloko yabo kuzo. Bathi, “Ingaba kulungile ukuba siphulaphule nina, okanye imibutho yenu, okanye nina hlelo lemva yabantu, kungenjalo simamele uThixo? Ziboneleni.” Kwaze kwathi kanye nje ukuba bayekwe bahambe, baphuma kanye nje bashumayela iGama likaYesu Kristu kwakhona.

²⁷⁸ Owu Thixo, sipheloko—sipheloko, Nkosi. Mvelise lowo Uthetha ngaye eZibhalweni kuthi. Mthambise, Nkosi. Ndiyambiza. Mthume, Nkosi! Owu Thixo, iintliziyo zethu ezilambileyo ziyakhala. Mthumele, Nkosi, oyakubuyisela abantu kukholo loobawo kwakhona, uyakubasusa kwaba nodoli bobuhlelo abangenise kumava wenene kaThixo njengokuba benzayo ngePentekoste, ibandla lenene kwakhona livutha, likwanaloo Myalezo, ukholo olunye, imfundiso enye, iBhayibhile ekwanye, uThixo omnye okwanaloo miqondiso. Sivelisele umprofeti, Nkosi.

279 Philisa abagulayo phakathi kwethu namhlanje, Nkosi. Kukho abo balapha basweleyo. Ndiyabathandazela, Bawo. Kudala ndilindle ngale ntsasa, yaye kukho abo bahleli apha . . . Ngobunye ubusuku xa umpostile uPawulos washumayela ubusuku bonke, umfana wawa kwelo gumbi wazingenisa ekufeni. Wayesindwe bubuthongo. Wayengazimisele kwenza njalo, kodwa we—wehliwa bubuthongo. Waze wawa; babe ubomi bakhe buphelile; waze umpostile wathandaza, ubomi babuyela ngaphakathi kuye kwakhona.

280 Owu Nkosi Thixo, baninzi apha abathe behliwa kukugula, kwaye ngeli thuba silinde lade ledlula ixesha lokukhupha inkonzo. Baninzi abo bagulayo. Owu Thixo, makathi loo mandla, laa—laa Moya uyiNgeweze uza buqu ekwiNtsika yoMilo, UZiqondakalisayo Azazise ukuba unguLowo Anguye—kwaye siyakholwa kuYe—makarhangqe wonke umntu olapha namhlanje, aphilise abagulayo, azalise ngoMoya, aphe intlangulo ngayo yonke indlela, Nkosi, esiswele yona. Zizalise kanye iintliziyo zethu ngokholo, Thixo, ngokholo olungacimiyo, ngokholo olungenzeleliyo, ukuze sibe no-ITSHO INKOSI. Siphe oko, Nkosi!

281 Ngabantu baKho, uMyalezo waKho, iLizwi laKho, izicaka zaKho, kwaye umtyholi akanandawo yakubambelela kuthi. Akanako nokusitshabalalisa xa lo mnquba utshatyalaliswa; kuba ukuba lo mnquba wasemhlabeni uyatshabalala sinomnye osele ukho ulindle. Akanakusenzakalisa, kuba yonke into elutshaba lwethu ilutshaba lwaKho, kuba singabaKho. Sithengwe ngexabiso leGazi elinqabileyo likaYesu. Ngoko ke, nina zidemoni zithe zabopha aba bantu ngokugula, ndiyaniyalela eGameni likaYesu Kristu ukuba niphume kumntu wonke kubo. Njengesicaka sikaThixo, esibanga eli Lizwi ukuba liyiNyaniso, bayekeni. Aninamagunya. Yonke into enaninebango kuyo yacinywa eKalvari, kwaye aninakuba saba bamba.

282 Ngoku Thixo, yipha yonke indoda nomfazi, inkwenkwe okanye intombazana elapha ukholo lokukholwa kuloo nto. ILizwi lithethiwe. “Ukuba nithe kule ntaba, ‘Funguleka’ ningathandabuzi entliziyweni yenu (umthandazo wokholo womsindisa ogulayo), nikufumene enikucelayo.” Siyayazi loo nto. Sinalo elo thamba liqinisekileyo kuThixo. Ukuba sinokholo ngokupheleleyo, ukuba uThixo uphila ngaphakathi, siyakholwa yiloo nto. Kwaye ndiyazi ukuba loo nto injalo, Nkosi. Ngoko siphe lona namhlanje, ngenxa yokugula nosindiso. Ngeli thuba bendimelwe kukuthi, bendimelwe ndithe usindiso kuqala ukuze kulandele ukugula. Siphe oko, Nkosi, kuba umphefumlo nguwona unexabiso kunomzimba.

283 Kodwa abo bathi ngamanye amaxesha . . . Umphefumlo wabo usindisiwe, ukuze lo mzimba mdala ube usengokaSathana, kwaye uyazi ukuba uyakuwuthabatha ekupheleni kwexesha. Uyakuwucumza awubuyisele zide izinambuzane ezincinane

zomhlaba nezirhubuluzi zingene kuwo ziwudle uphele; kodwa akangekhe awuchukumise laa mphefumlo; kuba ububutyebi obunqabileyo kuThixo. Kwaye kobo bomi, njengobuphuma kwigqabi, bubuyela kuThixo Owanikisa ngabo, uyakuvela kwisigaba sexesha esilandelayo bunomzimba omtsha angasayi kuze awuchukumise uSathana. Obungasokuze ubudala okanye nayo nantoni na iwuchukumise. Uyakuba ngumzimba wobuqaqawuli. Sikhangele kuloo nto, Nkosi. Sikelela abantu baKho. BangabaKho, ndaye ndibanikela ezandleni zaKho. Oku ndikucela eGameni likaYesu!

[Kukho iziprofeto ezikhutshwayo ngabazalwana—Mhl.]

²⁸⁴ Asilolizwi lam elo; liLizwi laKhe. Owu, oko sikusweleyo, ngale yure, ngeli lixa siphila. Ingaba aniqondi, zihlobo, ukuba uThixo akezi kwabakhulu abahloniphekileyo; Uhlala phakathi kwabathobekileyo, kwizinto ezincinane ezithobekileyo. Aniboni, mhlawumbi, niqonde ukuba kuqhubeka ntoni khona ngoku, yintoni ehamba-hamba phakathi kwesi sakhiwo, yintoni ehamba-hamba phakathi kwaba bantu kanye ngoku.

²⁸⁵ Kwakutheni ukuze uMoya athi kwangoko phambi kokuba ndenze nantoni na, ngoMzalwana Higginbotham, “Wukhangeleni loo myalezo, kuba ndiwuzisile (yinto ethile okanye enye elolo hlobo) ukuza kuniyala ngale nto izayo!”? Khangelani ukuba yintoni na eyenzekayo.

²⁸⁶ Ezinye izinto, iZibhalo endizibhale apha phantsi, andikhange ndizichathe kwa ukuzichatha; ndisuke ndedlula ngaphaya kwazo kanye. Bendikhokelelwa apho nguMoya oyiNgcwele. 'Yabona? Ezinye zezi Zibhalo, andikhange ndizichathe konke; ndisuke nje ndedlulela ngaphaya kwenye into ngokupheleleyo, kwathi kwakanye ethubeni ndeva into efikayo, ndaze ndajikela ngaphaya ndayifumana ukuba iphi na.

²⁸⁷ UMoya uthetha macala onke ngoku. Owu bantu, thembekani, nyanisekani! Musani ukuzama ukuphumla phezu... 'yabona, ni-nikhangela into ethile enkulu ebengezelayo, ngeli thuba bonke abaprofeti—nkqu uDavide watsho ukuthi ekuzeni kweNkosi yonke intaba iyakuthotywa ii—iindawo eziyimifula ziyakunyuswa. Wathi iintaba ziyakudloba ngokwamaxhama athi amagqabi aqhweba izandla zawo. Kuba, babecinga ukuba iyakuba yintoni loo nto abantu xa i—uYesu wafikayo? Yajika yayintoni? Umshumayeli wakudala othobekileyo, owayengenamfundo, kwiminyaka elithoba kudala waya kungena entlango, hayi ukuya kuqeqeshwa ngumntu, koko ukuya kuqeqeshwa nguThixo. Waphuma wema enesiqwenga sengubo yegusha azijijele ngaso enoboya wonke ebusweni, exhonti wonke, iinwele zijinga zibetha entanyeni, iphila apho eentlango ngeenkumbi(ziintethe ezo), iinkumbi zasendle nobusi ngethuba wayehlala entlango... Weza wema eludakeni elunxwemeni wavakalisa ukuza kukaMesiya. Kwaye uMesiya

wehla kanye, iNdoda eqhelekileyo phakathi kwabantu, waze wabhaptizwa.

²⁸⁸ Yaye bonke abaprofeti bavakalisa ukuba yenye yezona zinto zinkulu zake zenzeka; kwaye yayiyiyo. 'Yabona? Bakhangela into ethile enkulu, ebengezelayo, into eyayiza kwenzeka. 'Yabona? UMoya oyiNgcwele awukhazimli; Uqaqambile. *Ukukhazimla kokwehlabathi. Ukukuqaqamba kokukaThixo.*

Qaqamba phezu kwam, Nkosi, ngumthandazo wam lowo. Ndithobe ndihle. Ndithabathe; undibumbe, undenze. Moya kaThixo ophilileyo, hamba ngokutsha phezu kwam. Ndibumbe, ndenze, undenze ndibe ngowaKho, Nkosi. Ndithabathe nje.

²⁸⁹ Ndiwuqaphela nje ukuba laa Moya kaKristu uhambahamba kuso sonke esi sakhiwo ngale ntsasa. UThixo oya kugweba ihlabathi ulapha khona ngoku, ndiqiniseke njengokuba ndimi kule pulpiti. Kubekho ukungqinelwa kanye, kabini, kathathu kwaloo nto, ngeLizwi, ngokuchanekileyo njengoko yatshoyo iBhayibhile. Wawuva uthula ngelo xesha emva kwaloo nto? Kubekanye, kabini, kathathu, yonke into ikulungelelwano lokomoya, yonke into ikulungelelwano lweSibhalo. Owu, vulani iintliziyo zenu niqonde. Owu, elinje lona ixesha. Yintoni enokwenzeka ngeli xesha?

²⁹⁰ Babekwigumbi eliphezulu, bonke belinde ngamxhelo mnye.

Kuba abo balindela eNkosini,
Bayakuhlaziyeka emandleni.
Bayakunyuka ngamaphiko ngokokhozi.

²⁹¹ Ungenyuki nje uye phaya uthi, "Nkosi, ndicela uxolo ngezono zam. Ngoku, ndamnkelana ngokholo ukuba ndinawo uMoya oyiNgcwele uhambe umnke." Abo balindela eNkosini, iiveki, iintsuku, nokuba yintoni na, bayakuhlaziyeka emandleni. Bayakunyuka ngempiko ngokokhozi. Bayakubaleka bangadinwa; xa behamba, abayi kudinwa. Ndifundise, Nkosi, ukulinda. Lindela eNkosini.

²⁹² Imini nobusuku, ngokuthe rhoqo u-Anna wayesetempileni njalo ethandaza emini, ebusuku. Ekungeniseni uYesu. Wayengene eyimfama ehamba kweso sakhiwo, wajikeleza—umfazi oyimfama—wabeka izandla zakhe phezu kwaKhe, wadumisa uThixo; ngokuba kubumfama bakhe benyama, emoyeni wakhe, wachukunyiswa nguMoya ukuya kutsho kuloo ndawo Wayemi kuyo.

²⁹³ Apho uSimyon, Wayemlindele ngaphakathi kwigumbi lokuthandazela, phaya ngasemva, wayesazi ukuba wayethenjise nguMoya oyiNgcwele ukuba akasayi kufa, ixhego elidala, elinamashumi asibhozo, selisondele kumashumi alithoba eminyaka ubudala... Kwaye waye—xelele abantu ngokuphandle, "Andisayi kufa ndide ndimbone uMesiya!" Kwathi kanye kwangaloo mzuzu, usana oluncinane oluyinkwenkwe... Wayeyintoni Yena?

Wayengengomntu udumileyo, bathi bonke abalindi beme benika imbeko xa kwakungeniswa uMesiya, esongelwe kakuhle nangokubekekileyo, emhle eqholiwe, wafakwa amavumba amnandi njengeentsana ezazisiza kusikelelwa. Kodwa umama omncinane ekwakuthethwe okubi ngaye. . . Kwathiwa ube nosana ngaphandle kweqhina elingcwele lomtshato, esongelwe ngamaniki-niki wamalaphu, idyokhwe—izinto zedyokhwe zizo awa Yesongelwe ngazo, bahamba benyuka isakhiwo wabe wonke umntu emele mgama kuYe. Kodwa nalo elo gquba lincinane, elo qela lincinane, u-Anna ingomnye, omnye inguSimyon, esihla ngomgca, engazi ukuba wayesiyaphi na, waphosa amehlo akhe kuLo, waze waphakamisa izandla zakhe, wathi, “Nkosi, sindulule isicaka saKho sinoxolo ngoku, ngokweLizwi laKho, kuba amehlo am alubonile uSindiso lwaKho.” ’Yabona, ’yabona?

²⁹⁴ Kwakungekho nto ikhazimlayo, yayikukuqaqamba! Kwaye nakubeni kwakuthethwa okubi ngaloo nto, yayingumqondiso. Yaye namhlanje, umqondiso kuthethwa kakubi ngawo. Awunamntu usebenzisana nawo. Ku—Ku—Kuthethwa kakubi ngawo ubizwe ngayo yonke into, kodwa ungumqondiso ongaqatshelwanga, umqondiso ekuthethwa kakubi ngawo. IBhayibhile yathetha ngaloo nto, umqondiso ekuthethwa kakubi ngawo.

²⁹⁵ Masikhumbule oku njengokuba siseluhambeni lokugoduka. Ningaze niwuvumele ukuba loo Myalezo ufe ezintliziyweni zenu. Nokuba nenza ntoni na, ningaze niyenze leyo into. Cingani ngawo lo imini nobusuku. Nize nithandaze imini nobusuku ukuba uThixo avelise ingqina laKhe ngoku. Sesililungele, kuba ndiyakholwa ukuba kwakamsinya ixesha alisayi kubakho. Siyeza . . . Njani?

²⁹⁶ “Kuyakuba nini, Mzalwana Branham?” Andazi. Mhlawumbi namhlanje; kusenokuba ngomso. Ukuba akukho namhlanje, ndiyakube ndikukhangela ngomso. Kwaye kusenokuba kulo nyaka, kunyaka ozayo, kwiminyaka elishumi. Mhlawumbi kumashumi amathathu eminyaka, andazi ukuba kuyakuba nini na ngoko, kodwa ndithetha ukusukela ngoku ukuya phambili, hlalani nilungele wonke umzuzu.

²⁹⁷ Yaye ungathathi nje into ethile eqhelekileyo. Ungakhe uyenze loo nto. Ungakhe uphumle imini nobusuku ude ube uthethe noThixo. Zigcine ekubeni ngoyibaxayo. Musa ukuphatshuzeliswa yimihlali. Ungayenzi loo nto. Yiloo nto engenisa obungaka ubundlavini bento yenze abantu bawoyike (’yabona?), kungenxa yobundlavini bokuyibaxa. Ungakhe uyamnekele loo nto; konke konke. Hlala apho ude uthethe noThixo. Ngaphaya koko umphefumlo wakho, yaye nguwe oyakuchithela ingaphakathi lakho ngaphaya. Funeka ke uqiniseke ukuba awubambi nje izandla ucengceleze umgaqo okanye wamnekele into ethile ngokholo nje. Musa ukwenza loo nto! Thetha noThixo; uThixo makathethe nawe; ukhangele

ukuba kuyakwenzeka ntoni na kuwe. Yijonge iminqweno yakho noko kuyakwenzeka; ngoko uyakwazi ukuba uthethe noThixo na okanye hayi.

²⁹⁸ Kuni nina bakholiweyo kuYe ngale ntsasa. Kuwe wena . . . Ndi—Ndithethe malunga neziguqo. Uyayazi indlela ababeyenza ngayo loo ndlela eBhayibhileni? Bonke abakholwayo eNkosini—bonke abakholwayo eNkosini babhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu ukuze baxolelwe izono zabo. Ukuba awuka . . . Asikaze sibe nokubizela ngaphambili esiguqweni. Abazange benze abantu benyuke. Xa usenza loo nto ufumana yonke into le. Nanko umfo enyuka esiza esibingelelweni ekhangeleka enenkani aguqe ngenxa yokuba umntu othile uzame ukumfumana. U—U—Uba nobunzima obuphindwe kabini bokuba ungaphinda umfumane kwakhona. 'Yabona? Wenzani ke ngoko? Ufumana yonke into ingene apho. Kwaye uYesu uthe, "Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza kuM." Hlala nelo Lizwi! UThixo nguye oyakwenza okuseleyo kuloo nto. Injalo loo nto! NguThixo oyakwenza okuseleyo kuyo.

²⁹⁹ UThixo anisikelele! Ndiyathemba ndiyakunibona kwakhona ngokuhlwa. Ndiyathemba ukuba mntu ngamnye kuni onako . . . Ndiyazi ukuba abaninzi benu baye bahlala apha—bekude. Ndizakuhla ngokuhlwanje ukuya kuphulaphula umzalwana wam. Ukuba kube yintando kaThixo. Andifuni kuyithabatha yomibini imiyalezo yakhe.

³⁰⁰ UMzalwana uNeville uyindoda elungileyo yakwaThixo, kwaye ndiyazi—ndiyazi . . . Xa ndimva eshumayela, ndiyazi ukuba oko kuvela phi na—kuvela ngqo entliziyweni yakhe. Ndiyayazi loo nto. Kwaye uMzalwana uNeville, njengokuba wayetshilo ngobunye ubusuku ngethuba lalaa ntetho, esithi, "Ndakhe ndaphumla ndisithi, 'Ngenye ndiyakumbhaptiza eGameni likaYesu.'" Ndanditshilo. Kuba? Ndabona ukunyaniseka nokuthembeka okukuye. Ndazi ukuba ukuba a—angaze ayinikwe sibone ukuba a—angayibona ngenene, amehlo akhe angavuleka, angayamnkela. Ndalinda ndaxelela ibandla, "Ningakhathazeki, laa mshumayeli womWisile uzakulunga." Nanku ke namhlanje, ungumlungiseleli walo mnquba, ezinze kangako emsebenzini ngangoko anokuba nako, ekuMyalezo. Uyakholwa kuThixo. Yaye ndiyazi ukuba xa ndiva into ethile evela kuMzalwana uNeville, ndiyazi ukuba iyeyinene, ivela kuThixo, kuba ulolo hlobo lwendoda.

³⁰¹ Ndizibekile izandla zam . . . Ezi tshifu zenu zilapha sezithandazelwe. Ndithemba ngamnye kuni uyakwamnkela intsikelelo evela kuThixo, ndithemba ukuba uThixo usentliziyweni yenu.

³⁰² Asi—Asizi apha uku—ukuza kufumana intsikelelo evela kuThixo kangangokuba sisiza apha . . . Yonke imihla siphefumla sifumana intsikelelo ephuma kuThixo. Into esizela ukuyenza

apha, kukuza kulungiswa, sixotyulwe, ukuza kwalusa iintliziyo zethu, nokuza kuba phambi koThixo, nokuza kukholwa kuThixo ngeentliziyo zethu zonke.

³⁰³ Nilikhumbule iLizwi leNkosi, ningalibali, ningasileli ukukhangela ngaphaya kumqondiso wenene othunyelwe uvela kuThixo. Ngoko ke ndizakubuyisela inkonzo kuMzalwana uNeville, athethe nokuba yintoni na anqwenela ukuyithetha.

[UMzalwana uNeville uthetha nabantu—Mhl.]

³⁰⁴ Akukho nto imnandi ngaphezu koko, ebendinokuyicela, ngumzalwana wenene. Isizathu sokuba ndibe ndi... 'Yabona zihlobo, ndi—ndiyazi ukuba niyandithanda; niyamthanda uMzalwana Neville; nibathanda bonke abantu bakaThixo. Sinothando omnye komnye. Ukuba kwakukhe kwakho ixesha ebesimelwe kukuba nento engaphezu kothando omnye komnye kunamhlanje. Simelwe kukusondelelana, mzalwana, ukuze sithi nje—sibe ngabazalwana noodade begazi ngokuthe chatha. Nalo uthando olumelwe kukuba sezintliziweni zethu omnye komnye, yintobeko nentlonipho, ibe yeyona iphezulu. Kwaye ndiyayithanda loo nto. Ndiyayithanda loo nto yenene.

³⁰⁵ Yaye apha uMzalwana Neville, noMzalwana Higginbotham, uMzalwana... Ndiyakholwa ukuba ibinguMzalwana Funk (bekungavakali nokuba nguye) othe wakhupha umyalezo phaya emva. Obuvela—obuvela kuThixo, loo myalezo, zihlobo, ngenene ibivela kuye. Nabani na onako ukucalula koomoya uyayazi loo nto.

³⁰⁶ Kodwa nantsi into ekuyiyo. Iyeza, ndi—ndimthanda kakhulu uMzalwana uNeville kangankokuba ndide ndicinge oku: a—andithandi ukuthetha nto ngaphandle kokuba ngenene ndibe ndinendo evela kuThixo endinokunixelela yona. 'Yabona? Kwaye ndine... Oku—Oku kwaba sentliziweni yam malunga neentsuku ezimbini okanye ezintathu ezidlulileyo, ndaze andabi nako ukukhangela kakhulu kwade kwaphezolo ndathabatha iZibhalo ezimbalwa ndazijonga. Naso isizathu sokuba ndibe ndize kuphaka. Usukile ezandleni zam ngoku. 'Yabona? Nokuba nenze ntoni na ngawo, oko kuxhomekekile— iyakuba nini. Niyabona? Kodwa usukile kwezam izandla.

³⁰⁷ Ke uMzalwana Neville kunye nam, silolo hlobo nje. Ukuba ndihlile ndeza apha nje—nje ukuza kuthetha ngelinye ixesha kubekho into ethile enjalo, uMzalwana Neville enomyalezo ovela kuThixo, ndingahlala nje phantsi. Ewe, ngenene! Ndinganika indawo uMyalezo kaThixo rhoqo. 'Yabona? Yaye yiloo ndlela esenza ngayo omnye komnye. Naso ke isizathu sokuba ndithi, "Ndi..." Ukuba—Ukuba uThixo akandinikanga nto, ke ngoko, mhlawumbi, uthetha nje... Yaye ukuba uThixo unike uMzalwana Neville into, ndilapha epulpitini kusasa ngeCawe, ngokuhlwa ngeCawe, nokuba kunini na, uMzalwana angathi nje—angangumzalwana kangako; angeza kum, athi, "Mzalwana

Branham, ndiyakholwa kuwe ukuba usisicaka sikaThixo, kodwa iNkosi isandula kundinika umyalezo.” Ungayenza loo nto, awungekhe? Ewe! Ndenza loo nto nam kuye.

³⁰⁸ Ukuba ebezakuthetha, ndize ndithi, “Mzalwana Neville, ungakhe undixolele? UThixo undinike umyalezo. Ndimelwe kukuwuxelela abantu khona ngoku.” Kwaye anga—uMzalwana Neville angesuka ngoko endleleni, nawuphi na kuthi angenza njalo komnye. Yabona, nantsi indlela esenza ngayo. Ke ngoko, ukuba thina—andinanto iyethile, ngoko . . .

³⁰⁹ Ndi—Ndiyakuthanda nje ukumva eshumayela. Ndiva . . . Bangaphi abebemvile ngokuhlwa kweCawe ephelileyo? Onjani ukumangalisa umyalezo. Ndiyakuxelela, ungqinelene kanye noko bekuthethwa ngentsasa. Yaye bantu, ndiyanixelela, nineLizwi elaneleyo likaThixo kangangokuba ngokuqinisekileyo nimelwe kukuphila kakuhle nilunge. UThixo anisikelele ngoku, Mzalwana Neville!



61-1112 Umqondiso Wenene Ongaqatshelwanga
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, IN U.S.A.

XHOSA

©2002 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org